

# **ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo**

---

**IsiCwangciso soNyaka sokuSebenza**

**2012/13**

---

**Ntshona Koloni**

---

Umhla wokwandalwa kwesicwangciso  
1 kweyoKwindla 2012

# INTSHAYELELO

---

IsiCwangciso sokuSebenza soNyaka seSebe sifuna ukuzuza phezu kwempumelelo edlulileyo xa sijonge ekwakheni umbono wentlalo equkayo neyakhayo neNtshona koloni edlamkileyo. Sizimisele ukunika inxaxheba ephangaleleyo kwezemidlalo, kulonwabo, ubugcisa nenkcubeko kunye nokwandisa ukufikeleka kwamathala eencwadi, amaziko londolozo lwembali, ezamafa neenkonzo zeelwimi. Siyawuma ukuba konke oku kungaphumelela ngokuphathwa kwezixhobo zokusebenza kunye nokuzalisekisa kolawulo oluphucukileyo. Siyakuqinisekisa ke ngoko unikezelo Iweenkonzo ebantwini luxhaswe bubulungisa, ukulondoloza, ubuchule, ukuziphendulela, nenkathalo xa sizalisekisa iinkqubo ezisemgangathweni nokuphatha okusemgaqweni.

Xa inkqubo yokukhuthaza ezemidlalo ezikolweni ingena kunyaka wesibini iqhuba, siyakuphucula izinto eziveliswayo siphucule nonikezelo Iweenkonzo kwiiMOD (ukuncedisana kwabantu, ukuvuleleka nokuvezwa kwamamathuba, ukwakhiwa nokukhula) kumaziko ezemidlalo. Oku kuya kuquka ukwandisa kokuthathwa kwenxaxheba nokuqiniswa kwamatyathanga namanye amasebe afana nesebe lezentlalo-ntle neSebe lezeMfundu eNtshona Koloni, kunye noluntu namaqela amele uluntu. Kulo unyaka siyakuqalisa ngokusesikweni iqumrhu elongamele ezemidlalo ezikolweni kweli phondo.

Amathala encwadi awabalulekanga njengemithombo yolwazi, kodwa amathala encwadi asekuhlaleni ngawona angumbumbi kwintlalo yoluntu. Njengoko kusekho umngeni ngamathala encwadi kungekho nemali ebekelwe bucala, kubalulekile isebe liqhubeke ukunika inkxaso kulawo acethekileyo, abizwa amathala encwadi akwinqwanqwa likaB3. Le nkxaso iyakwenza oomasipala baqhubeke ukunika uluntu inkonzo eseizingeni eliphakamileyo kumathala encwadi.

Kubalulekile ukuba sakhe kwiphulo lokuzisa isiqinisekiso esizinzileyo sokunikwa imali kumaqumrhu anobugcisa kwicandelo lezemidlalo nenkcubeko. Esi Sicwangciso sokuSebenza soNyaka sijolise ekuphumezeni oko sikwadibana amaqumrhu ezobugcisa abe nobuhlakani neSebe. Oku kuyakwandisa ukufumaneka kwamathuba kuqequesho nasekuvulelekekeni kwamathuba kwimibutho emincinci yasekuhlaleni nakulutsha.

Esi siCwangciso sokuSebenza soNyaka sisekelwe kwingcamango yokuqinisa indibaniselwano ngokwakha ubuhlakani obusebenzayo ngokwenza lula ukuvula amathuba, ukulungisa ukungalingani nokwenza inkonzo esebezayo, elinganayo nefumaneka ngokukhawuleza. Ikwasekelwe ekuqondeni ukuba amaphandle aseNtshona koloni kumele afumane isahlulo esilinganayo kumathuba afumaneka kwicandelo lezemidlalo nenkcubeko.

GQIRHA I MEYER, MPP  
UMPHATHISWA WEMICIMBI YENKCUBEKO, IMIDLALO NOLONWABO

# UTYIKITYO OLUSESIKWENI


Oku kukuqinisekisa ukuba esi sisiCwangciso soKusebenza soNyaka:

- saphuhliswa ngabalawuli beSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo ngokukhokelwa nguMphathiswa | Meyer
- salungiselelwa ngokuhambelana nesiCwangciso-qhinga sakutsha nje seSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo
- sibonisa ngoucacileyo imisebenzi ekujoliswe kuyo elakuzama ukuyiphumeza iSebe LeMicimbi yeNkcubeko neMidlalo xa izixhobo zokusebenza zifumaneka kuhlahlo Iwabiwo-mali lonyaka-mali wama-2012/13.

BRENDA RUTGERS  
IGosa eliyiNtloko lezeMali

ISAYINWE: 

BRENT WALTERS  
IGosa elinoXanduva

ISAYINWE: 

IVUNYWE NGU:

UMPHATHISWA IVAN MEYER  
IGunya eliPhezulu

ISAYINWE: 

<b>ISIGABA A: AMAVANDLAKANYA EQHINGA LOKUSEBENZA</b>	<b>5</b>
1. <b>Umbono</b>	<b>5</b>
2. <b>Injongo</b>	<b>5</b>
3. <b>Iimpawu zentsulungeko</b>	<b>5</b>
4. <b>Uwiso-mthetho nezinye izindululo</b>	<b>5</b>
4.1    Izindululo zomgaqo-siseko	5
4.2    Izindululo zowiso-mthetho	9
4.3    Izindululo zomgaqo-nkqubo	12
4.4    Izindululo zenkundla ezingqamene nesebe	14
4.5    Amanyathelo omgaqo-nkqubo acwangcisiweyo	15
5. <b>Uhlalutyo oluahlaziyiweyo Iwesimo sesebe</b>	<b>16</b>
5.1    Isimo sonikezelo Iweenkonzo	17
5.2    Isimo sesebe	23
6. <b>Uhloho ngokutsha lomthetho noxanduva</b>	<b>24</b>
7. <b>Amavndlakanya ohlahlo Iwabiwo-mali lonyaka wama-2012/13 nengqikelelo yeMTREF</b>	<b>24</b>
7.1    Ingqikelelo yenkitho	24
7.2    Ukungqamanisa inkitho neenjongo zeqhinga lokusebenza	25
<b>ICANDELO B: IZICWANGCISO ZENKQUBO NEENKQUTYANA</b>	<b>26</b>
8. <b>Inkubo 1: Ulawulo</b>	<b>26</b>
8.1    Injongo yeqhinga lokusebenza nekujoliswe kuko ngonyaka wama-2012/13	26
8.2    Iimpawu zomsebenzi wenkqubo nekujoliswe kuko ngowama-2012/13	28
8.3    Ekujoliswe kuko ngekota ngonyaka wama-2012/13	30
8.4    Ungqamaniso lokujoliswe kuko nohlahlo Iwabiwo-mali neMTEF	31

<b>9.</b>	<b>Inkqubo 2: IMicimbi yeNkcubeko</b>	<b>32</b>
9.1	Injongo yeqhinga lokusebenza nekujoliswe kuko ngonyaka wama-2013/12	33
9.2	Iimpawu zomsebenzi wenkqubo nekujoliswe kuko ngonyaka wama-2012/13	38
9.3	Ekujoliswe kuko ngekota ngowama-2012/13	44
9.4	Ukungqamanisa umsebenzi ekujoliswe kuwo nohlahlo Iwabiwo-mali neMTEF	49
<b>10.</b>	<b>Inkqubo 3: liNkonzo zamaThala eeNcwadi noLondolozo IweeNkcukacha eziBalulekileyo</b>	<b>50</b>
10.1	Injongo yeqhinga lokusebenza nekujoliswe kuko ngonyaka wama-2013/12	51
10.2	Iimpawu zokusebenza kwenkqubo nekujoliswe kuko ngonyaka wama-2011/12	53
10.3	Ekujoliswe kuko ngekota ngonyaka wama-2012/13	57
10.4	Ukungqamanisa umsebenzi ekujoliswe kuwo nohlahlo Iwabiwo-mali neMTREF	60
<b>11.</b>	<b>Inkqubo 4: IMidlalo noLonwabo</b>	<b>61</b>
11.1	Injongo yeqhinga lokusebenza nekujoliswe kuko ngonyaka wama 2012/13	62
11.2	Iimpawu zendlela yokusebenza kwenkqubo nekujoliswe kuko ngonyaka wama-2012/13	64
11.3	Ekujoliswe kuko ngekota ngonyaka wama-2012/13	67
11.4	Ukungqamanisa umsebenzi nohlahlo Iwabiwo-mali neMTEF	71
<b>ICANDELO C: UNXULUMANO NEZINYE IZICWANGCISO</b>		<b>72</b>
<b>12.</b>	<b>Izibonelelo-mali ezinemiqathango</b>	<b>72</b>
12.1	Ekujoliswe kuko ngonyaka	72
12.2	Ekujoliswe kuko ngekota ngonyaka wama2012/13	75
<b>13.</b>	<b>Amaqumrhu karhulumente</b>	<b>78</b>
<b>14.</b>	<b>Isihlomelo 1: Ukutshintshwa kwesicwangciso qhinga seminyaka emihlanu: 2010/11-2014/15</b>	<b>80</b>

# ISIGABA A: AMAVANDLAKANYA EQHINGA LOKUSEBENZA

## 1. Umbono

INTshona Koloni ebambiseneyo, enobuchule nekhutheleyo.

## 2. Injongo

Sikhuthaza ukusebenza ngenkuthalo nokuzimisela ngokuquka wonke ubani kwezemid-lalo nenkcubeko ngokusebenzisa izixhobo zokusebenza ngokufanelekileyo, ngokuzinzileyo nangexesha elililo, ngokusebenza ngokubambisana nabanye. Ukuqinisekisa ukusebenza ngokuzimisela, siza kudala iimeko zokufikelela nokuthatha inxaxheba kwesininzi sabantu, ukufunyaniswa kwetalente nophuhliso lwezakhono.

## 3. Impawu zentsulungeko

Ukuziphatha, ukuThatha uXanduva, uLwazi ngoMsebenzi, iNkathalo.

## 4. Uwiso-mthetho nezinye izindululo

Isebe lizithatha ngokuba ziyabophelela izindulululo zowiso-mthetho njengesisekelo sendlela yokusebenza, esezenza kakuhle nangokufanelekileyo, ngokulingana nokufikeleleka konikezelo Iweenkonzo, olusekelwe kuMthetho kaRhulumente weNguqu kuNikezelo Iweenkonzo zoLuntu, “iNyathelo leBatho Pele”.

Isebe lisebenza ngokwesindululo sowisomthetho nomgaqo-nkqubo:

### 4.1 Izindululo zomgaqo-siseko

UMGAQO-SISEKO	ICANDELO	UXANDUVA LWESEBE KUKUQINISEKISA UKUTHOYELWA KOMGAQO
UMgaqo-siseko weRiphabhliki yaseMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho 108 ka 1996)	Icandelo 6(3) ne (4): uLwimi	Urhulumente wePhondo leNtshona Koloni, ubeka iliso aze anike imiqathango yokulawula ukusetyenziswa kweelwimi ngokusemthetweni. Mazisetyenziswe ngokulinganayo nangentlonipho zonke iilwimi ezisemthethweni. IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni, ngokusebenziana neSebe leMicimbi yeNkubeko neMidlalo, inoxanduva lokubeka iliso nokuvavanya ukusetyenziswa kolwimi ngokoMgaqo-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni, owamiselwa ngowama-2001, kufuneka yenze ingxelo kwiNdlu yoWiso-mthetho yeNtshona Koloni rhoqo ngonyaka.
	Icandelo 30: uLwimi nenkcubeko	Isebe liquuzelela ukuvula amathuba okuba abantu baseNtshona Koloni basebenzise iilwimi zabo babenethuba lokusebenzisa amalungelo abo ngeenkqubo namaphulo eliwaxhasayo
	Icandelo 31: Ngokwenkcubeko, inkolo noluntu Iwezolwimi	Kufuneka iSebe liqinisekise ukuba iinkqubo zalo namaphulo ayayihlonipha iyantlukwano yabantu baseNtshona Koloni.
	Icandelo 41: Imiqathango yokusebenziana nokubambisana koorhulumente	Isebe lisebenziana ngokubambisana namanganaba onke karhulumente ngokwezindululo zikarhulumente kuzwelonke.

UMGAQO-SISEKO	ICANDELO	UXANDUVA LWESEBE KUKUQINISEKISA UKUTHOYELWA KOMGAQO
		Isebe lisebenzisana neSebe loBugcisa neNkcubeko kunye neSebe leMidlalo noLonwabo, kwimigudu kazwelonke neyephondo kunye neyoomasipala eNtshona Koloni.
	Icandelo 156(4): Unikezelo Iwegunya	<p>Kufuneka iSebe linikezele umasipala, ngesivumelwano ngokwemeko, ulawulo lomba okuluuhlu IwesiGaba A IweShedyuli 4 okanye isiGaba A seShedyuli 5 ehambelana norulumente wasekhaya, ukuba</p> <p>(a) lo mba ungaphathwa kakuhle ngurhulumente wasekhaya kwaye</p> <p>(b) umandla unako ukuwuphatha</p> <p>Isebe, ngokubambisana noNondyebo kaZwelonke neSebe loBugcisa neNkcubeko kuZwelonke, ngeSibonelelo-mali esineMiqathango kumaThala eeNcwadi asekuhlaleni, liquuzelela ukunikezela ngeenkonzo zamathala encwadi oluntu, okujongwe njengesindululo esibonelelwa kancinci ngemali.Isebe, ngokwemali efuyenwe kwisebe likaNondyebo lePhondo ukulungiselela oomasipala ababizwa iB3, bakunkwa imali ngokwemisebenzi eyenziwe ngamathala eencwadi.</p>
	Ishedyuli 4: linkalo zoWiso-mthetho eziSebenza ngokufanayo kuZwelonke nakwiPhondo	<p>Imiba yenkcubeko:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>Isebe lisebenza ngokubambisana neSebe loBugcisa neNkcubeko nemibutho elisebenzisana nayo ngokwemiba yobugcisa, inkcubeko nelifa lemveli.</li> </ul> <p>Umgao-siseko wokusetyenziswa kweelwimi nokulawula ukusetyenziswa kwezinye iilwimi kangangokuba izinikezelozecandelo 6 zoMgaqo-siseko zichaza ngokungathandabuzekiyo ukuba iNtshona Koloni inolwazi lowiso-mthetho:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>Isebe lisebenza ngokubambisana neSebe loBugcisa neNkcubeko kuZwelonke kunye nemibutho karhulumente eseenza ngokubambisana ngokwemiba yomgaqo-nkqubo yokusetyenziswa kweelwimi.</li> </ul>
	Ishedyuli 5: linkalo zoWiso-mthetho eziSebenza ngokuzimeleyo kwiPhondo	<p>lindawo zokulondoloza iinkukacha zakudala ezibalulekileyo kwiphondo ngaphandle kwezikazwelonke:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>Isebe linikwe umyalelo wokuyila umthetho kwiphondo mayela neendawo zokulondoloza iinkukacha zakudala ezibalulekileyo ngaphandle kwezikazwelonke ukulawua indlela yokuseenza. Isebe linoxanduva lokunikezela ngeeNkonzo zokuLondoloza iiNkcukacha eziBalulekileyo kwiPhondo.</li> </ul>

UMGAQO-SISEKO	ICANDELO	UXANDUVA LWESEBE KUKUQINISEKISA UKUTHOYELWA KOMGAQO
		<p>Amathala eencwadi ngaphandle kwamathala eencwadi kuzwelone:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>Isebe liyalelwe ukuba liyile umthetho mayela namathala eencwadi ngaphandle kwamathala eencwadi kazwelone ukulawula indlela yokusebenza. Isebe linoxanduva lokunikezela ngeNgxelo yamaThala eeNcwadi kwiphondo nokusebenza ngokubambisana nabasemagunyeni kumathala eencwadi oluntu ngokunikezelwa kweenkonzo zoluntu.</li> </ul> <p>Amaziko olondolozo lwembali ngaphandle kwakazwelone</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>Isebe linikwe umyalelo wokuyila umthetho osebenza namaphondo kuperha ngaphandle kwamaziko olondolozo lwembali kazwelone nokulawula ukusetyenziswa kwavo. Isebe linoxanduva lokunikezela ngeeNkonzo zoLondolozo IweMbali kwiphondo nokusebenza ngokubambisana namaziko olondolozo lwembali abandakanyekayo ukunika inkxaso.</li> </ul> <p>Imiba yenkcubeko kwiphondo (iquka ulawulo lwezixhobo zokusebenza ngelifa lemveli namagama eendawo):</p>
		<ul style="list-style-type: none"> <li>Isebe linikezela ngeeNkonzo zeLifa leMveli eNtshona Koloni, igunya lezixhobo zokusebenza ilifa lemveli, kune nabasebenzi kune nenkxaso ngemali nenkxaso yolawulo ukwenza umsebenzi eliwumiselweyo ngokusemthethweni. Umphathiswa unamagunya athile kwaye wonyulwe njengomntu onegunya lezibheno kuwiso-mthetho.</li> <li>Isebe lixhasa iKomiti equuzelela aMagama eeNgingqi eNtshona Koloni nangenkxaso ukuqhube umsebenzi ngokufakana imilomo noluntu mayela nemiba yokubeka emgangathweni omnye ukutshintshwa kwamagama nokwenza izindululo kwibhunga yaMagama eeNgingqi eMzantsi Afrika. Isebe lixhasa iKomiti ngokwenza umsebenzi walo.</li> </ul>

<b>UMGAQO-SISEKO</b>	<b>ICANDELO</b>	<b>UXANDUVA LWESEBE KUKUQINISEKISA UKUTHOYELWA KOMGAQO</b>
	Icandelo 195; linqobo ezisemgangathweni ezsisekelo nemiqathango yolawulo loluntu	Amagosa eSebe anoxanduva lokusebenza ngokwecandelo 195. Eli candelo lichaza iinqobo ezisemgangathweni zikarhulumente wabantu nemiqathango elawula amagosa oluntu. Icandelo 195(1)(b) ifuna indlela es-ebezayo, nokukhuthazwa kokusebenzia izixhobo zokusebenza kakuhle. Iyodwa nje loonto ichaza ukuba iinkqubo ezithathwe sisicuku soluntu kufuneka sibenengeniso ngexabiso eliphantsi.
	Icandelo 92 & 133	Icandelo 92 ligxininisa ukuba "amalungu eKhabhinethi kufuneka anike ingxelo iPalamente ngokweqela nangabanye ngokwamagunya abo nendlela yokusebenza". Ighuba ichaze ukuba "kufuneka banike iPalamente Icandelo 133 lithi makufakwe ingxelo epheleleyo qho ngamaxeshha alindelekileyo nokwemiba ephantsi kolawulo Iwabo". Icandelo 133 liyayinabisa le ndlela yokunika ingxelo kuMphathiswa wephondo
Umgago-siseko weNtshona Koloni, 1997 (uMthetho 1 ka1998)	Icandelo 5	<p>Ngokweenjongo zikaRhulumente wePhondo leNtshona Koloni:</p> <p>(a) kuza kusetyenziswa iilwimi ezintathu ezisemthethweni , isiBhulu, isiNgesi nesiXhosa; kwaye  (b) ezi Iwimi zakusetyenziswa ngokulinganayo.</p> <p>Kufuneka urhulumente wephondo leNtshona Koloni, ngokusebenzia umthetho neminye imiqathango, alawule aze abeke iliso ngokusetyenziswa kwesiBhulu, isiNgesi nesiXhosa.</p> <p>Kufuneka urhulumente wephondo leNtshona Koloni amisele imiqathango esebezayo nefanelekileyo ukuphakamisa umgangatho nokuqhabela phambili ukusebenza kweelwimi zabantu bomgquba eNtshona Koloni ebezijongelwa phantsi ngaphambili.</p>
	Icandelo 70	<p>Kufuneka uwiso-mthetho kwiphondo lunikezele ngenkxaso-mali ebonakalayo, kwizixhobo zokusebenza ezikhoyo kwiPhondo, ibhunga lenkcubeko okanye amabhunga enkcubeko oluntu IweNtshona Koloni, lusabelana ngenkcubeko efanayo nelifa lemveli kwezokusetyenziswa kolwimi. Isebe lineliso leKomishini yeNkcubeko yseNtshona Koloni mayela nokusetyenziswa kowiso-mthetho olumiselwe ngokwezi njongo.</p> <p>Ukbhaliswa nokuxhaswa kwamabhunga enkcubeko:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ikomishini yeNkcubeko eNtshona Koloni, omnye wemigudu kwiphondo oluxanduva leSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, unikwe umsebenzi wokubhalisa nokuxhasa amabhunga enkcubeko.</li> </ul>

UMGAQO-SISEKO	ICANDELO	UXANDUVA LWESEBE KUKUQINISEKISA UKUTHOYELWA KOMGAQO
	Icandelo 81	<p>Kufuneka urhulumente waseNtshona Koloni amisele aze asebenzise imigaqo-nkqubo ukukhuthaza nokugcina intlalontle yabantu baseNtshona Koloni, kuquka imigaqo-nkqubo ejoliswe ekufikileni:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• ukukhuthaza intlonipho yamalungelo enkcubeko, inkolo noluntu lokusetyenziswa kweelwimi eNtshona Koloni.</li> <li>• ukhuseleko lolondolozo lwembali yezendalo, imbali yenkcubeko, ilifa lemveli ngezimbiwa nezakhwiwo zaseNtshona Koloni ukulungiselela izizukulwana zangoku nezizayo.</li> </ul> <p>Isebe lisebenzisa imigaqo-nkqubo ethile ukuxhasa le mimiselo.</p>
	Icandelo 82	Imiqathango esisikhokelo yomgaqo-siseko wephondo kwiSahluko 10 (icandelo 81) ayisosinyaneliso ngokomthetho, kodwa isisikhokelo kuRhulumente weNtshona Koloni ekwenzeni nasekusebenziseni imithetho.

#### 4.2 Izindululo zowiso-mthetho

UMTHETHO KAZWELONKE	INOMBOLO NOMHLA	UXANDUVA LWESEBE OLUNGUNDOQO
<b>NGOKUPHANGALELEYO</b>		
UMthetho woLawulo IweMali yoLuntu, 1999	uMthetho 1 ka1999	Ulawulo IweSebe.
UMthetho-sihlomelo weeNkonzo zoL- untu, 2007	uMthetho 30 ka2007	Umthetho wenza ulawulo nolungiselelo IweSebe, ukulawulwa kweemeko zengqesho, ixesa lokuhlala esikhundleni, ukuziphatha, ukuthatha umhlaphantsi nokukhululwa kwamalungu enkonzo zoluntu, nemiba ehambelana nazo.
UMthetho woKwahlulwa kweNgeniso (DORA)	<i>Awukapapashwa</i>	Isebe lifumana izibonelelelo-mali ezinemiqathango ngokweDORA kwaye linoxanduva lolawulo Iweemali ngokufanelekileyo.
<b>IMICIMBI YENKCUBEKO, AMATHALA EENCWADI NOLONDOLOZO LWEENCUKACHA ZAKUDALA EZIBALULEKILEYO</b>		
UMthetho waMaziko eNkcubeko, 1998	uMthetho 119 ka1998	Kufuneka iSebe liqhakamshelane kwaye lisebenzisane namaziko abhengezwe ukuba ngawenkubeko kuzwelonke ngokwemiba yobugcisa, inkubeko nelifa lemveli.
UMthetho wokuKhuthazwa kweNkcubeko, 1983	uMthetho 35 ka1983	Lo mthetho-sisekelo wanikwa iNtshona Koloni kwaye ke iSebe linoxanduva lokuhambelana nemiqathango yoMthetho.
UMthetho weMicimbi yeNkcubeko (iNdlu yoWiso-mthetho), 1989	uMthetho 65 ka1989	Lo mthetho-sisekelo wanikwa iNtshona Koloni kwaye iSebe linoxanduva lokuhambelana nemiqathango yoMthetho.

UMTHETHO KAZWELONKE	INOMBOLO NOMHLA	UXANDUVA LWESEBE OLUNGUNDOQO
UMthetho weSizwe waMaziko oLondolozo lweNkukacha zaKudala eziBalulekileyo zoMzantsi Afrika, 1996	uMthetho 43 ka 1996	Isebe linoxanduva lokukhetha umntu ozakumela iphondo leNtshona Koloni kwiKomiti yeSizwe yaMaziko oLondolozo lweeNkukacha zaKudala eziBalulekileyo. Isebe linoxanduva lokuhlangabezana nemimiselo nemigangatho ebekelwe uzwelonke.
UMthetho weSizwe weBhunga lezoBugcisa, 1997	uMthetho 56 ka 1997	Isebe linoxanduva lokukhetha umntu ozakumela iphondo leNtshona Koloni kwiBhunga lezoBugcisa leSizwe nokusebenzisana nokuququzelela imisebenzi nokuxhaswa kweBhunga loBugcisa leSizwe ngemali ehambelana nokupuhhlisa ubugcisa nenkcubeko eNtshona Koloni.
National Heritage Council Act, 1999	uMthetho 11 ka 1999	Isebe linoxanduva lokukhetha umntu ozakumela iphondo leNtshona Koloni kwiBhunga leLifa leMveli leSizwe ngokomthetho. Isebe likwanoxanduva lokusebenzisana nokuququzelela imisebenzi ehambelana nokuxhaswa amaphulo alinyathelo leNHC eNtshona Koloni.
UMthetho weziXhobo zeLifa leMveli, ka1999	uMthetho 25 ka 1999	Isebe liqinisekisa ukuhambelana ngokuthi likhethe umntu oza kumela iphondo leNtshona Koloni, kungakuhle xa inokuba lilungu leBhunga leArhente yeziXhobo zeLifa leMveli(SAHRA). Isebe liqinisekisa ukuhambelana nomthetho ngokuba kufuneka uMphathiswa akhethe iBhunga leLifa leMveli leNtshona Koloni, libe ligunya lelifa lemveli kwiphondo leNtshona Koloni. Isebe lik- wanoxanduva lokuqhakamshelana nokusebenzisana neSAHRA, iLifa leMveli leNtshona Koloni noomasipala mayela nokulawula izixhobo zokusebenza ngelifa lemveli. Isebe lincedisa uMphathiswa kwimiba yezibheno engeniswe kuye ezayamene neLifa leMveli.
UMthetho weBhodi yokukuSetyenziswa kweelLimi eMzantsi Afrika, 1995	uMmthetho 59 ka1995 (icandelo 8(a))	Isebe linegunya lokuqwelasela iKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni, enikwa ingqalelo yiPanSALB njengoko kumiselwe kumthetho-sisekelo.
UMthetho weBhunga Lamagama eeNdawo eMzantsi Afrika, 1998	uMthetho 118 ka 1998	Isebe linoxanduva lokusebenza ngokuvumelana nomthetho-sisekelo ukonyula ozakumela iphondo leNtshona Koloni kwiBhunga laMagama eeNdawo eMzantsi Afrika.
UMthetho weNgqungquthela yeLifa leMveli kwiHlabathi, 1999	uMthetho 49 ka 1999	Isebe linoxanduva lokusebenza ngokuvumelana nomthetho-siseko ngokuba limele iphondo leNtshona Koloni Kwikomiti Yengcebiso ngeLifa leMveli kwiHlabathi. Isebe.

UMTHETHO KAZWELONKE	INOMBOLO NOMHLA	UXANDUVA LWESEBE OLUNGUNDOQO
		likwanoxanduva lokuvumelana noMthetho Nommiselo weLifa Lemveli KwiHlabathi mayela nokukhethwa kweesayithi ezinako ukuba liLifa leMveli kuLuLhu lweXeshana eAfrica kunye nokukhethwa kweesayithi EzikuluLhu Lwexeshana kwiKomiti yeUNESCO yeLifa leMveli kwiHlabathi.
<b>IMIDLALO</b>		
UMthetho Wemidlalo Nolonwabo kuZwelonke, 1998	uMthetho110 ka 1998	Ukuqinisa nokuququzelela ubudlelwane bokuphuhliswa nokukuthazwa kwezemidlalo nolonwabo phakathi kweKomishini yeMidlalo noLonwabo kuZwelonke, imifelandawonye nezinye iiarhente. Ukulungeelanisa imiqathango ejolisweni ekumiseleni ulingano kwimidlalo nolonwabo, ukukhuthaza ulingano nentando yabantu kwimidlalo nolonwabo nokunika iindlela zokuthatha iziggibo kwimidlalo nolonwabo, ukuxhobisa uMphathiswa ngemiqathango yenqubo nemiba enxulumanayo.
<b>UMTHEHO WPHONDO</b>		
<b>INOMBOLO NOMHLA</b>		
<b>UXANDUVA OLUNGUNDOQO KWISEBE</b>		
<b>NGOKUPHANGALELEYO</b>		
<b>IMICIMBI YENKUBEKO, ITHALA LEENCWADI NEENKONZO ZOLONDOLOZO LWAMAXWEBHU</b>		
UMthetho wokSetyenziswa Kolwimi eNtshona Koloni, 1998	uMthetho 13 ka1998	Isebe linoxanduva lokongamela iKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni. Likwanika iKomiti inkxaso ngendlela eyiyo yokusebenza nezinye iindlela.
UMthetho weeKomishini yoBugcisa neNkcubeko namaBhunga, 1998	uMthetho 14 ka1998	Isebe lijongene neKomishini yezeNkcubeko eNtshona Koloni. Likwaxhasa iKomishini ngendlela yokusebenza nengezinye iindlela zokusebenza.
Imiqathango yoLawulo IweziXhobo zeMveli eNtshona Koloni ka 2002	PN 336 ka25 EyeD-warha2002	Isebe lijongene neLifa Lemveli eNtshona Koloni, negunya lezixhobo zokusebenza ilifa lemveli. Umphathiswa unoxanduva lokumisela igunya. Isebe lixhasa iBhunga ngendlela yokusebenza ngendlela eyiyo nezinye iindlela.
Imiqathango yoLawulo IweziXhobo zokuSebenza iLifa leMveli eNtshona Koloni, 2003	PN 298 ka 29 EyeyThupha 2003	Isebe lijongene neLifa Lemveli eNtshona Koloni, negunya lezixhobo zokusebenza ngemveli. Umphathiswa unoxanduva lokumisela igunya. Isebe linikezelu ngenkxaso iBhunga ngendlela eyiyo yokusebenza nezinye iindlela.
UMthetho woLondolozo nokuGcinwa kwamaXwebhu kwiPhondo eNtshona Koloni, 2005	uMthetho 3 ka 2005	Isebe linoxanduva lokusebenzia imimiselo yalo Mthetho.
<b>UMTHETHO WEPHONDO: IMIDLALO</b>		
Awukho		

UMTHEHO WPHONDO	INOMBOLO NOMHLA	UXANDUVA OLUNGUNDOQO KWISEBE
<b>IMIMISELO YEPHONDO: IINKONZO ZEMICIMBI YENKCUBEKO, AMATHALA EENCWADI NOLONDOLOZO LWEENKUKACHA EZIBALULEKILEYO</b>		
Imimiselo yeMyuziyam, 1975	Ordinance 8 ka1975	Isebe linoxanduva lokusebenza ngokuvumelana nalo Mmiselo.
Ummiselo weOude Kerk Volksmuseum Van 't Land van Waveren (Tulbagh) ka1979	Ordinance 11 ka1979	Isebe linoxanduva lokusbenza ngokhambelana nemigqaliselo yoMmiselo.
Imimiselo yeenkonzo zethala leeNcwadi kwiPhondo, 1981	Ordinance16 ka 1981	Isebe linoxanduva lokusebenza ngokuvumelana nemigqaliselo yoMmiselo.

#### 4.3 Izindululo zomgaqo-nkqubo

UMGAQO-NKQUBO	IMIBA ENGUNDOQO ELUXANDUVA LWESEBE
<b>IMIGAQO-NKQUBO KAZWELONKE</b>	
Iphepha elimhlophe kuZwelonke kwezoBugcisa, iNkcubeko neLifa leMveli (1996)	Iphepha lomgaqo-nkqubo elaphelohlelwa ngo1996, laba sisimiselo somgaqo-nkqubo ohlangeneyo kazwelonke namaphondo olithiba omgaqo-nkqubo kubugcisa, inkcubeko nelifa lemveli kunye neenkonzo zethala leencwadi nokugcinwa kwamaxewbhu emva kokuba kuqhutywe iinkqubo ezininzi zokufakana imilomo.
Ummiselo woMgaqo-nkqubo wokuSetyenziswa koLwimi (2003)	Umgaoqo-nkqubo umisela isiseko sokusebenza kuzwelonke xa kusetyenziswa imimiselo yoMgaqosi-siseko nezindululo zomthetho-sisekelo kumalungu onke karhulumente, kuquka iSebe. Umisela imiqathango nendlela zokusetyenziswa emazilandelwe.
Ukulawula amaXwebhu eeNkcukacha oMgaqo-nkqubo kuZwelonke. (Ulawulo Lwemanyuwali yeeNkcukacha zoMgaqo-nkqubo 2007)	Umgaoqo-nkqubo uhlahlela imida emiselweyo nemayisetyenziswe ziibhodi zikarhulumente ngokulawulwa kweenkcukacha nokulawula kwkcukacha kwaye iSebe kufuneka libe nendlela yokongamela ulawulo lwamaxwebhu ezibhodi zikarhulumente eNtshona Koloni.
Ukulawula amaXwebhu eBhodi eLawula linkcukacha ezikwiKhompuyutha: Umgaoqo-nkqubo, Imiqathango neeMfuneko (2006)	Umgaoqo-nkqubo ukhokela iibhodi zikarhulumente ekusebenziseni iimfuneko zomthetho-siseko ngamaxwebhu ekhompyutha ayinxalenye yezixhobo zokusebenza ngamaxwebhu eenkcukacha. Kufuneka iSebe libenze ngokwemigangatho emiselwe kuzwelonke nakwihlabathi, apho isebeziseka khona, kwihadwe, isoftwe nendlela yokugcina ulondolozo lwamaxwebhu.
UMthetho-siseko kaZwelonke kwiMidlao nezoLonwabo	Umgaoqo-Nkqubo uthetha "Ukwenza isizwe sidlale" kwaye ugxininisa koku kulandlelayo: <ul style="list-style-type: none"> <li>- Ukukhulisa amanqanaba okuthatha inxaxheba kwimidlalo nolonwabo</li> <li>- Ukuphakamisa ixabiso lemidlalo kukruthwa-kruthwano lwemiba etshisa ibunzi</li> <li>- Ukuza ukukhulisa impumelelo yeminyadala emikhulu Ukwenza ezemidlalo umzamo ophambili ukuncithisa ulwaphulomthetho. Uxanduva oluphambili kukuphuhlisa uMgaqo-siseko nokunikezelwa kwenkonzo yemidllao nolonwabo ikwiSebe leMidlalo noLonwabo.</li> </ul>

<b>UMGAQO-NKQUBO</b>	<b>IMIBA ENGUNDQOO ELUXANDUVA LWESEBE</b>
Isiseko Sokubeka Iliso noku Vavanya uMgaqo-nkqubo kaRhulumente ngokubanzi	<p>Iphepha lomgaqo-nkqubo elaphelhelelwa ngo1996, laba sisimiselo somgaqo-nkqubo ohlangeneyo kazwelonke namaphondo olithoba omgaqonkqubo kubugcisa, inkcubeko nelifa lemveli kunye neenkonzo zethala leencwadi nokugcinwa kwamaxewbhu emva kokuba kuqhutywe iinkqubo ezininzi zokufakana imilomo.</p> <p>Injongo yoKubeka Iliso noKuvavanya uRhulumente Ngokubanzi kukwenza igalelo ekuphuculen ulawulo nokusebenza ngokukuko kwamaziko nemibutho yoluntu. Lomqulu usisiseko somgaqo-nkqubo esiquka imiba emininki ngokubeka iliso ikuvavanya eMzantsi Afrika. Ikwamele uphuhliso Iwenkqubo yeM&amp;E ikwakhuthaza ulawulo olusekelwe kwiziphumo.</p>
Iphepha lokugaya izimvo mayela nenqubo yokubeka Iliso Ngokulawula Indlela yokuSebenza noVavanyo	Umgao-nkqubo uhlahlela imida emiselwego nemayisetyenziswe ziibhodi zikarhulumente ngokulawula kweenkcukacha kwaye iSebe kufuneka libe nendlela yokongamela ulawulo Iwamaxwebhu ezibhodi zikarhulumente eNtshona Koloni.
<b>IMIGAQO-NKQUBO YEPHONDO</b>	
Umgao-nkqubo weNkonzo zeThala leNcwadi kwiPhondo leNtshona Koloni	Umgao-nkqubo unikezela ngezikhokelo zenkqubo zesicwagciso esilicebo nenkcukacha zemisebenzi eyenziwego Kwiinkonzo zamathala eencwadi. Ukwakulethe indlela yokulawula eli candelo
Umgao-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni (wapapashwa kwiGazethe kaRulumente wePhondo PN 369/2001 yama 27 eyeNkanga 2001)	Isebe, njenglao naliphi na iebe kwiphondo, limewe kukusebenzisa umgaqo-nkqubo ngokwamacandelo. Ukongeza, iSebe linikwe umsebenzi weenkonzo zokusetyenziswa kolwimi kuRhulumente wePhondo leNtshona Koloni ngokusebenza lyunithi Yokusetyenziswa eSentrali.
Umgao-nkqubo weeMidlalo Ezikolweni (2002)	Kuza kufuneka iSebe lithathe uxanduva olukhulu ukuqiniskeisa ukukhulanokupuhhliswa kwemidlalo yesikolo.
Idrafti yoMgaqo-Nkqubo ngoKuthiywa noKuthiwa ngokutsha kweempawu ekuhlaleni(2007)	Idrafti yomgaqo-nkqubo imisele indlleta emayiqwaselwe nenqubo emay- ilandelwe liSebe kunye neKomiti yokunikwa kweeNdawo aMagama eNtshona Koloni, ibhodi yengcebiso, ekuququzeeleni nokufakana imilomo ngoumiselwa komgangatho omnye, apho indlela ikhoyo, ukuthiya ngokut sha okanye ukwenza utshintsho kulamaama akhoyo nalawo kucingwa ngawo kwensiwe isindululo kwiBhunga laMagama eendawo eNtshona Koloni kune noMphathiswa wobuGcisa neNkcubeko.
IQhinga lokuBeka iLiso nokuVavanya iPhondo ngokubanzi (idrafti)	Lo mqlu uyimpendulo yephondo kwindela yeGWM&E. Ijoliswe ekuphuculen imibiko yesigqeba nokuphucula ngendlela ephezulu ukuthathwa kwezigqibo zisekelwe kwiziino ezibubungqina ukulungisa umgaqo-nkqubo nokwabiwa kwezixhobo zokusetyenziswa ukunika igalelo ekupuhhliseni ulawulo.
Umgao-nkqubo wezeNkcubeko eNtshona Koloni (Idrafti 20)	Umgao-nkqubo waqwalselwa banzi ngokusebenza uluhlu Iwamacwego kwiphondo ngengentlahlela yokuhaziya ngokutsha ezobugcisa kuzwelonke, inkcubeko nomgaqo-nkqubo welifa lemveli. Alukaqoshelisa uhlaziyo Iwalo mgaqo-nkqubo okanye Idrafti yoMgaqo-nkqubo weNkcubeko eNtshona Koloni.
Idrafti yoMgaqo-nkqubo wamaZiko oLondolozo IweMbali ePhondo leNtshona Koloni(2012)	Lomgaqo-nkqubo unika isiseko sothatha amanyathelo ezindululo zoongaqa siseko kaaRhulumente weNtsona Koloni nayelana nenqubo kunye nemithetho amayelene nemyuziyam; ngaphandle kwezikazwelonke. Ikwasisiseko somthetho yephondo leNtshona Koloni mayelana nemyuziyam.

AMAQHINGA LOKUSEBENZA	UXANDUVA OLUNGUNDOQO KWISEBE
AMAQHINGA OKUSEBENZA KAZWELONKE	
Isiseko soBambiswano lokulungiselela, Uququzelelo noLawulo Iwemidlalo yezikolo eMzantsi Afrika (17 eyoKwindla 2004)	Esi siseko sincedisana ngokudala indawo eyenza kube lula ukusebenza.
Uqoqosho IweGolide IwaseMzansi: Inxaxheba yesicuku sobugcisa, inkcubeko nelifa lemveli kwiNdlela Entsha Yokukhula	Injongo yalomqulu usekukhokheleleni isicuku sobugcisa, inkcubeko nelifa lemveli ukukhulisa uqoqosho nokudala imisebenzi ngokuncedisa amaqhinga okukhulisa uqoqosho kazwelonke.
Icebo lezeMidlalo noLonwabo lukazwelonke (2012 – 2010)	Lo mqulu ukhokhela uphuhliso Iwezemidlalo nolonwabo kule minyaka isibhozo izayo.
AMAQHINGA OKUSEBENZA EPHONDO	
IQhinga lokuPhuhlisa uHlolo loBugcisa	Inikezelza isiseko sophuhliso, ukukhuthaza nokugcinwa kwentlobo zonke zobugcisa kwiphondo.
IQhinga lokuSebenza leForam yeNkcubeko	Kukuphuhlisa intsebenziswano phakathi kweSebe noluntu ngokumisela nokuphuhlisa ukumiselwa kwenkqubo eziqalwayo zenkcubeko.
Isibonelelo-mali esinemiqathango: Inkqubo yokuVuselela amaThala eeNcwadi ukunyusa izinga leenkonzo zoluntu	Isebe linoxanduva lokusebenzia ngempumelelo nokulawula isibonelelo ngemali ngokwemeko eNtshona Koloni.

#### 4.4 Izindululo zenkundla ezingqamene nesebe

ITYALA ELISENKUNDLENI	INOMBOLO ESISALATHISI NENKUNDLA	IFUTHE KWISEBE
Ubudlelane boMhlali ngaphambili uMphathiswa wezoBugcisa neNkcubeko [2007] SCA 44 (RSA)	25/2006: Isibheno seNkundla ePhezulu	Esi sigwebo sibeka imida emayisetenziswe ngabasemagunyen ikuqinisekisa indlela eyiyo yokufakana imilomo noluntu Iwasekuhlalen nabanye abathathi nxanxheba xa kusensiwa izindululo zemiba otshinsho Iwamgama endawo, njengoko iSebe laseNtshona Koloni neKomiti yokuTshintshwa kwaMagama eeNdawo eNtshona Koloni zamiselwa nguMphathiswa zingabathathi-nxaxheba ababalulekileyo ekusetyenzisweni komthetho-siseko ohambelana nawo ingakumbi uququzelelo nokufakana imilomo nabathatha inxaxheba. Kufuneka esi sigwebo sisetyenziswe kwinkqubo nemiqathango elandelwayo.
lilabhoratri zeQualidental (Pty) Ltd (2008) ZASCA 170	ZASCA 170 (SA) o	Isigwebo saqinisekisa ukuba amandla anikwe uMphathiswa weMlcimbi yeNkcubeko neLifa leMveli eNtshona Koloni, izxhobo zokusebenza ngegunya lelifa lemveli kwiphondo, ukumisela iimeko ngok- wecandelo 48 lomthetho iNational Heritage Resources Act, 1999, kuphuhliso ukuze uhambelane nezindululo zomthetho-sisekelo ngokwezinikezelo zoMthetho.
Top Performers (Pty) Ltd	INKundla ePhakamileyo (Citation)	Isigwebo sinefuthe elibalulekileyo kwiinkqubo zesib-heno ezithathwe ngamaqoqo achongwe nguMphathiswa ngokwecandelo 49 loMthetho weZixhobo Zokusebenza Ngelifa Lemveli, funda kunye noMqathango 12 weP.N. 336 ka 2003. Isigwebo sanikezelwa yiNkundla ukuqinisekisa ukuba iSebe kunye noMphathiswa zimisela amanyathelo alungileyo mayela neenkqubo zolawulo,

ITYALA ELISENKUNDLENI	INOMBOLO ESISALATHISI NENKUNDLA	IFUTHE KWISEBE
		ulwamkeleko lobungqina obutsha kwixwebhu leenkukacha leqoqo kunye nokuhambelana nemithetho yasemthethweni ngokwe ' <i>audi alterim partem</i> ' maxim.
Willows Properties (Pty) Ltd v uMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo	Inombolo yetyala 13521/08: Inkundla ePhakamileyo yaseMzantsi Afrika (Cape of Good Hope Provincial Division)	Ummangali ufake isicelo esingxamisekileyo Kwinkundla Ephakamileyo ukunyanelisa uMphathiswa ukuba athathe isigqibo, okanye enze cebo limbi ukukhupha Isiggibo (iinkukacha zesigwebo) ngokwesibheno esifakwe kuMphathiswa ngokwecandelo 49 loMthetho weziXhobo zeMveli kuZwelonke, 1999, xa ufundwa nomqathango 12(7) weP.N. 336 ka2003. Ifuthe lesigqibo kwiSebe inganyanelisa amalungu esigqeba senkundla ukuba asebenze ngokwamaxxesha abekiweyo okukhutshwa kwaMaxwebhu eeNkcukacha zeZiggibo. Kusetyenziswe amanyathelo okulungisa.
Waenhuiskrans Arniston Ratepayers Association and HWC v Verreweide Eiendomsontwikkeling (Edms) Bpk, uMasipala waseCape Agulhas noMphathi wobhaliso mihlaba, 22 kuTshazimpuzi 2008	1926/2008: Inkundla ePhakamileyo yaseMzantsi Afrika (Cape of Good Hope Provincial Division)	Isigwebo sasikhangela igunya leSouth African Heritage Resources Agency (SAHRA) kunye neHWC ngeziza ezichazwe yiSAHRA ngezikwisigaba sokuqala nendawo ekwakufakwe isicelo ngokwamacandelo 35 no 36 loMthetho weziXhobo zeMveli kuZwelonke ka1999Isigwebo safumanisa ukuba iSAHRA inegunya.  Esi sigwebo sinyanzela iSebe ukuba lincedise abeLifa leMveli yeNtshona Koloni ngokunika uncedo lokucacisa umthetho nokuqinisekisa ukuba iHWC isebenza ngokwegunguna enalo.
Cornelus Johannes Alexander Lourens v uMongameli woMzantsi Afrika, uMphathiswa woBugcisa neNkcubeko, uMphathiswa wezoBulungisa noPhuhliso loMgaqo-siseko neBhodi yeeLwimi zoMzantsi Afrika	Inombolo yetyala 49807/09 Inkundla Ephakamileyo yaseMzantsi Afrika (North Gauteng, Pretoria)	Umphahiswa kaZwelonke wayalelwya yiNkundla ePhakamileyo ukuba kwisithuba seminyaka emibini yesi sigwebo (16 kweyoKwindla 2010), athathe imiqathango yomthetho-siseko kunye neminye imithetho yokulawula nokubeka iliso ekusetyenzisweni kweelwimi ezisemthethweni ngurhulumente kazwelonke nephondo ukuqinisekisa ukuba isigwebo siyathotyelwa. Ifuthe leSebe kukufakana imilomo neSebe leMicimbi yeNkcubeko neKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni njengenxalenye yokuthethana nabo bathatha inxaxheba ukwenza zizinikezelo zomgaqo-siseko kwicandelo 6(4) loMgaqo-siseko lweRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996, nanjengesebe elithatha uxanduva eNtshona Koloni, ukumisela isinikezelo somthetho-siseko omtsha.

#### 4.5 Amanyathelo oMgaqo-nkqubo aCwangcisiweyo

Njengenxalenyen yesicwangciso-qhingga, la manyathelo omgaqo-nkqubo alandelayo acwangciselwa unyaka-mali wama-2012/13:

AMANYATHELO OMGAQO-NKQUBO ACWANGCISIWEYO	IXESHA
Ukuhlaziya kolawulo Iwamaziko enkcubeko aphantsi kolawulo IweKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni	2012-2013
Isiseko Sokubeka Iliso noVavanyo IweSebe	Igqitywe ngowama-2011
Umaqo-nkqubo weSebe weNkxaso-mali yezeMidlalo, uBugcisa neNkcubeko	IyaqhubeKA
Umaqo-nkqubo weSebe woLawulo IweeNkcukacha zokwenziwa koMsebenzi.	IyaqhubeKA
Uphuhliso loMgaqo-nkqubo wezoNxibelewano weSebe	2012-2013
UkuSetyenziswa kweziGqibo zabamaThala eeNcwadi neSixeko seKapa.	2012-2013

## **5. Uhlalutyo oluhlaziwego Iwesimo sesebe**

Isebe lizinikele kwiinjongo zeqhinga lokusebenza zikaRhulumente waseNtshona Koloni, ingakumbi ekwakheni uluntu IweNtshona Koloni olubambiseneyo nokulwa indlala ngokudala amathuba omntu wonke ukuhlanganisa nokuthatha inxaxheba koluntu ngokubanzi. ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo (DCAS) namaqabane alo liza kuvelisa amathuba amaninzi oluntu ngokubanzi. Isebe liza kuqhubeaka ukumisela inkqubo eyomeleleyo, inkxaso ngendlela yokusebenza nokumiselwa kwenqwawqwa lemiqathango kwiphulo lokufikelela ekuphuzeni umbono weSebe.

Isebe lineebhodi ezssemthethweni ezingamashumi amathathu ezingamaqabane alo eqhinga lokwenza izindululo zoMgaqo-siseko nomthetho ezihambelana nemiba yezobugcisa, inkcubeko, ukusetyenziswa kolwimi, amagama eengingqi, izixhobo zelifa lemveli namaziko olondolozo lwembali. Isebe liza kuqhubeaka nokunikezela ngenkxaso efunekayo kula maziko ukuqinisekisa ukuba ayakufezekisa oko akumiselwego nokuqinisekisa ukuba asebenza ngokweqinga lokusebenza kwaye aphuhle nangakumbi kwindima yawo yokucebisa uMphathiswa kumabakala athile ngokoxanduva.

Intsebenziswano namasebe kazwelonke ajongene nezoBugcisa, ezeNkcubeko nezeMidlalo noLonwabo kunye noomasipala besithili nengingqi eNtshona Koloni ukuze kube lula ukusetyenziswa kwemthetho kazwelonke, yephondo neyesithili, imigaqo namaqhinga okusebenza kazwelonke.

Uxanduva lwesebe lifuna intsebenziswano yamanye amasebe karhulumente weNtshona Koloni. Ukuqinisekisa komzamo wokusebenza ngobambiswano kwiphondo, iSebe lisebenza nala masebe alandelayo: iSebe leNkulumbuso; iSebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho (uKhenketho IwezeMidlalo neNkcubeko, uphuhliso lwezoqoqosho kwezobugcisa nenkcubeko), iSebe loKhuseleko loLuntu (linkqubo zemidlalo ukulwisana nolwaphulo-mthetho); iSebe loPhuhliso loLuntu (iinkqubo zolutsha), iSebe lezoLimo (iiNkqubo zoPhuhliso IweMidlalo yabasebenzi basezifama) kunye neSebe leMfundo leNtshona Koloni (imidlalo yezikolo nemfundo ngelifa lemveli).

Nangona isebe linamacandelo amaninzi nenani lezibonelelo-mali ezinemiqathango namaqumrhu karhulumente, lixhomekeke kakhulu koomasipala ekusebenzeni. Ukulungiselela iMTEF 2012/13-2014/15 iqhinga lokusebenza liza kulungiselelwya ukwandisa ifuthe lentsebenziswano ngale ndlela:

- Zonke iinkqubo neenkqutyana ziza kuqhutywa ze zibonelelwya ngemali ngokwemiqathango efanayo yolawulo nemiselwego, efana nale:
  - Izicwangciso zokuphulisa italente (okanye, kwimeko zolondolozo lwembali, iindawo zokulondoloza iinkcukacha zakudala ezibalulekileyo umzekelo, ukuphuhlisa ukusebenza kakuhle) ngokunokulolongeka.
  - Izicwangciso zokwazisa ukuqinisekisa ukuba ezi nkqubo zakhelwe kwimodeli enokusetyenziswa ixesha elide.
  - Linkqubo zokuphuhlisa izakhono, umz. abaqeques, nabasebenzi.
  - Uphuhliso olusebenzayo lwentsebenziswano/ukuqequesha emsebenzini.
- ISebe liza kuqhubeaka ukuqinisekisa ukuhanjiswa kweenkonzo okuluqilima ngokwendlela yolawulo olusemgangathweni.
- Imeko esekelwe kubungqina bezoqoqosho kwezemidlalo nenkcubeko iza kukhuliswa enyakeni ingxabalazele kwiAPP. Kuza kwabelwa uphando ngezixhobo zokusebenza, ukuqokelelwya kwengxelo, ukuqokelelwya kobungqina kunyaka ophantsi kohlololo, umba ophambili kwisigaba esithile semidlalo kwisebe. Isebe liza kuqinisa unxibelewano lwemiba engundoqo nezicwangciso-qhinga zemigaqo-nkqubo eyahlukeneyo yeSizwe neyePhondo njengeGreen Paper

kwindlela yokusebenza, ukubeka iliso nokuvavanya, isikhokelo seM&E  
nenyathelo “ledeshbhodi” kwiPhondo leNtshona Koloni..

## 5.1 Isimo sonikezelو lweenknzo

### IMicimbi yeNkcubeko

Ngonyaka wama-2011/12 iSebe liqalise amaphulo okudala imisebenzi eyiyo kuluntu olufumene iimali kwinkqubo yezemisebenzi yoluntu eyandisiweyo (EPWP). Kuqalwe amaphulo alishumi eEPWP, ukusukela ekwenziweni kwezinto kusetyenziswa izinto ezindala; ubugcisa nolawulo lwemisitho; ukwenziwa kwezixhobo nokufunda ukudlala umculo wakudala; ukukhathaleliwa kweendawo zasesuthwini nemusiyams; ukubala nokuqokelela amaxwebhu olondolozo lwembali ngekhompyutha, amaxwebhu emveli naweenkcukacha ezibalulekileyo, nokunika uncedo ukomeleza ukhenketho kwezenkcubeko nemveli kumaziko olondolozo lwembali angenazixhobo zaneleyo. Ngentsebenziswano neSebe lezeMpilo, kuqaliswe iphulo lokutolika kwizibhedlele ezintlanu kwingingqi yasekapa.

### UBugcisa neNkcubeko

Indibano kazwelonke eyayibanjwe Tshazimpunzi 2011 apho kwamkelwa khona idrafti yeqhinga lokusebenza leMzantsi's Golden Economy: inxaxheba yezoBugcisa, iNkcubeko neLifa leMveli kwiNdlela eNtsha yokuHhula. Injongo yeqhinga lokusebenza yayikukubeka icandelo lezobugcisa, inkcubeko nelifa lemveli kwindawo efanelekileyo yokwakha uluntu oluolangeneyo lincedise ekukhuleni koqoqosho nokuvula amathuba omsebenzi. Ukuncedisa koku, iIndustrial Policy Action Plan (IPAP2) encedisana neNdlela eNtsha yokuKhula iqaphele imisebenzi yenkcubeko, ingakumbi icandelo lezinto zezandla, umculo, ukwenziwa kwezacholo, iimpahla, isikhumba, izihlangu namalaphu empahla njengezinye izinto ekumele zinkwe ingqwalasela ebanzi ngurhulumente.

Iingcebiso ezinabileyo zinemigaqo-nkqubo yokukhangela, ukohlula nokukhuthaza iindawo zenkcubeko, iinkqubo zobugcisa boluntu nokuphakanyisa kobuchule kwicandelo lezolonwabo. Ukongeza, kunyaka wama2011, iArtscape, ibambisele nesebe, zayila uxwebhu olukhangela inxaxheba kwezoqoqosho olwenziwa yiArtscape namashishini akweli candelo lobugcisa ezisebenzisa iArtscape Theatre Complex. La mashishini aquka iCape Town City Ballet, iCape Philharmonic Orchestra, inkampani iJazzart Dance, iCape Town Opera, iSiyasanga neZap Zap circus. Ingxelo yafumanisa ukuba ngabantu abangama-283 272 abatyelela imidlalo nemisitho ebanjelwa kwesi sakhiwo ngonyaka wama-2010/11. Abantu abangama-916 baye baqeshwa ngamashishini obugcisa neArtscape kuloo nyaka, abasebenzi abayi 351 baqeshwe kumsebenzi osisigxina, 51 baqeshwe kumsetyenzi wethutyana, abali515 ibe yimisebenzi encedisayo. Ingxelo ifumanise ukuba ingeniso yeArtscape namashishini ancedisayo kuqoqosho lelizwe ngowama-2010/11 ibeyi-R440 yezigidi zerandi. Inxaxheba yesebe kula mashishini ukuphakamisa ubugcisa nenkcubeko yaba yiR1.63 yezigidi zerandi, iR135 000 ihlawulwe kwiArtscape ukunceda kwimisebenzi yosuku nosuku yonyaka. Ngokujonga ukudalwa kwemisebenzi kwicandelo lobugcisa nenkcubeko, isebe lizimisele ukunyusa inani lamathuba emisebenzi angama-68 yabantu abawkicandelo lezobugcisa nenkcubeko. Ekuncediseni ekuvuleni amathuba emisebenzi, eli phulo liyakwenza impilo zabantu zibengcono.

Ngonyaka wama-2011/12 kubekho ukunyuka kwinani lezicelo zenkxaso-mali ezifunyenwe lisebe kumashishini ezobugcisa nenkcubeko eNtshona Koloni. Izicelo zenkxaso-mali zizonke zafikelela kwiR123.082 yezigidi zerandi. Kuyabonakala ukuba izicelo zenkxaso-mali kwicandelo lezobugcisa nenkcubeko zingaphaya kwezixhoba ezikhoyo kurhulumente. Noxa inkxaso-mali enikw eli candela iye yenyuka kule minyaka idlulileyo (kwitheyibhile engezantsi), iimfuno zingaphaya kwezixhobo ezikhoyo.

## ITHEYIBHILE 5.1: Uhlalutyo lokukhutshwa kwemali kwiminyaka emithathu edlulileyo

IZICELO ZENKXASO-MALI YEZOBUGCISA NENKCUBEKO EZIFUNYENWEYO KULE MINYAKA MITHATHU				
	2008/09	2009/10	2010/11	2011/12
zizenko izicelo ezifunyenweyo	198	225	208	265
Inani lezibonelelo-mali eziphunyezwe lisebe	78	82	77	66
<b>ZISONKE IZICELO EZIPHUNYEZIWEYO</b>	<b>R6.708m</b>	<b>R6.728m</b>	<b>R6.262m</b>	<b>R10.610m</b>

Ukwehla kotyalo-mali Iwamashishini abucala ecandelo lezobugcisa kukhuthaze intsebenziswano phakathi kwamasebe karhulumente, abasebenzi namashishini akwezobugcisa. Iziphumo zibonise ukwanda kwale mizamo phakathi kwemibutho ekweli candeloo. Ifuthe liyabonakala kwiindawo nakuluntu oluxhotyisiweyo, kodwa kubonakala kusokoleka emaphandleni.

ISebe lisungule iQhinga loPhuhliso loBugcisa ngokoHlolo ngowama-2007/08 nelithe lasetyenziswa njengesikhokhelo kwiinkqubo zalo. Ukukhangela impumelelo neengxaki ezikhoyo, uvavanyo luyakusungulwa ngowama-2012..

### IINkonzo zoLondolozo IweMbali

Izimvo zoluntu kwiphepha lengxoxo eliyilwayo: ukuya kwiNtshona Koloni entsha uMgaqo-nkubo woLondolozo IweMbali ephondo uzise iingcebiso kubantu abohlukeneyo. Imiba engundoqo ekuMqulu weNgxoxo iquka:

- Uhlobo olutsha Iwamahlakani wamaziko olondolo Iwembali, ngaphandle kwamaziko olondolozo Iwembali kazwelonke aseNtshona Koloni, kumele abonelelwe ngumthetho wephondo ophakanyiswayo ukulungisa izindululo zoMgaqo-siseko njengoko kumiselwe kwiShedyuli 5 Isigaba A yoMgaqo-siseko weRiphabhliko yoMzantsi Afrika, 1996.
- Kumele kupuhliswe imodeli entsha yokubonelela ngemali njengoko le modeli isetyenziswayo kungokunje ingasebenzi kakuhle.
- Kukho imfuneko yokuqwalasela ulingano ngokufikelela kwizikolo zolondolozo Iwembali ezingamahlakani. Oku kunganefuthe kumgangatho wamaziko olondolozo Iwembali akhoyo kwiphondo, ancedwa liphondo namaziko olondolozo Iwembali asekhaya emva kokuba amabakala amatsha wamaziko olondolozo Iwembali evuniyiwe.
- Kumele kunikeyelwe iinkonzo ezisebenza ngokufanelekileyo, ezisebenza ngexesha nezinoqoqosho.
- Uhlaziyo lwemigaqo-nkqubo ekhoyo nophuhliso lwemiba emitsha ehambelana nemiba yemuseologic kufuneka yenziwe.
- Ukungabinako kwamaziko olondolozo Iwembali akhoyo ukubonisa imbali yeKapa ngokubanzi kumele klungiswe.
- Imiqobo yokusebenza nokungabikho kwamathuba oqequesho oluphezulu kubeka emngciphekweni amaziko olondolozo Iweembali nakuqokeleleyo.
- Kufuneka kufumanekke imali ngokungxamisekileyo yokuthenga ingqokelela, imifanekiso nemizobo yobugcisa ukuzisa inguqu nokubeka ingqokelela yamaziko olondolozo

Iwembali kwizinga eliphazulu.

- Kufuneka umthetho uqwalasele ukuhlaziya ngokutsha kwemali yamangenoukuze kubekho ungomgaqo-nkqubo wemali yamangeno, kuquka amangeno ngokwesivumelwano.
- Imfuneko yokwazisa amaziko olondolozo Iwembali njengendawo zeenkumbulo zaku dala, zangoku nezekamva lezizukulwana nto leyo iza kuba nendima ebonakalayo eku fakeni isandla kubambiswano loluntu.

Ngomhla we-16 kweyoMdumba 2012 kukhutshwe uMgaqo-nkqubo woLondolozo IweMbali Osayilwayo ngeelwimi ezintathu ezisemthethweni eNtshona Koloni ukuze uluntu luhlomle.

Kusekho iingxaki ahlangabezana nazo amaziko olondolozo Iwembali axhaswa liphondo mayela nokunyuka kwamaxabiso emali yoMphicothi-zincwadi Jikelele, kune nokumelana neemfuneko zomthetho iPublic Audit Act. Ngoko ke kucacile ukuba iizibonelelo zoncedo ezikhutshwa liSebe ezinikwa amaziko olondolozo Iwembali azanelanga kwaye kufuneka indlela entsha yokujongana nophicotho-zincwadi oluzinzileyo ngokwemigaqo yemithetho ekhoyo. UMphicothi-ncwadi Jikelele ucacise kumathuba amaninzi ukuba abasebenzi abanobuchule abasebenzela isebe abakwazi ukumelana nemicimbi emelene nolawulo Iwemali nomgaqo-nkqubo.

linkqubo zemfundo ezinikwe amaziko olondolozo Iwembali ezinxibelelene nesebe zakhiwe ukuba zilungele imeko yokufundisa ukuze ubani akwazi ukufumana ulwazi oluphangalaleleyo olongeza ulwazi analo kune nokufumana izifundo ezisemthethweni ezikolweni kwakunye namava anqabileyo angenakuphindwa eklasini.

Ukuze kubelula ukwenza igalelo ngokwenguqu yomba welifa lemveli eNtshona Koloni, kucetywa inani lemiboniso emitsha kumaziko olondolozo Iwembali. Ukulungisa iimfuno zabemi basekhaya neendwendwe eziphuma kwihiabathi, nokuxhasa amaqhinga okusebenza karhulumente, iqhinga lokukhuthza ukukhula kokhenketho ngowama-2008-2010, elaphehlelelwa ngabezoKhenketho eMzantsi Afrika ngowama-2008, ukunikezela ingxelo ehambelanayo, xa kujongwa indima eyenziwe ngamaziko olondolozo Iwembali eNtshona Koloni kupuhliso lezokhenketho Iwasekhaya. AbezoKhenketho eMzantsi Afrika babika ukuba uququzelelo lungumngeni omandla kuba icandelo lezokhenketho linabantu abaninzi abenza indima eyahlukileyo. Ngokweqhinga lokusebenza, amaziko enkcubeko, ubugcisa nobuchwephesha, amaziko olondolozo Iwembali namathuba emidlalo zenza iindawo ezibalulekileyo kwaye zinika umtsalane kubathengi.

### **liNkonzo zeLifa leMveli (Inkonzo yoKulawula iziXhobo zokuSebenza kweLifa leMveli naMagama eeNgingqi)**

Imfuno zeenkonzo ezinikezelwa liLifa leMveli eNtshona Koloni ngokwemiqathango yolawulo Iwezixhobo zokusebenza ilifa lemveli ziqaqhubeka ngokukhula. Isebe linikezela ngenkxaso kwezomsebenzi kune nezinye iindlela zenkxaso ezifunekayo zeLifa leMveli eNtshona Koloni ukuqhoba ngesindululo esisemthethweni sokuquesha abantu kwicandelo loLawulo IweziXhobo zokuSebenza iLifa leMveli. Kunyaka wama-2010/11, abasebenzi besebe baqwalasele i-1 646 lezicelo zeLifa leMveli eNtshona Koloni, kwikota yokuqala yowama-2011/12 ixabiso eliphantsi lokusebenza isicelo esinye ibikumyinge omalunga neeR3 500.

Njengoko kukho isiphakamiso sokunikezelwa kwamandla olawulo kwiSixeko seKapa, kungekapheli unyaka-mali okanye ekuqalen konyaka-mali olandelayo, oko kuya kuba nefuthe elikhulu kwabo basebenzelaicandelo loLawulo IweziXhobo zokusebenza kweLifa leMveli kuba ama-85% ezicelo ezifunyenye kowama2010 ziqondene neendawo ezisesiekweni. Nangona

uxanduva lwendawo eyiGrade II (iindawo ezivunyiweyo zemveli) eKapa ziya kugcinwa nezinye izicelo zecandelo 38 eziseza kuhlolwa ibe zindawo zemveli, ezithatha ithuba ukuhlolwa, zisuka ngaphandle kwaseKapa kunangaphakathi, kuya kuba notshintsho ukususwa kwalo msebenzi kujongwane nowesebe.

Ukuhlolwa, ukuqinisekiswa nokugunyazisa kwamagama eendawo eNtshona Koloni kuyaqhuba. Kufuneka kuqhutywe uphando ngala magama eendawo kwaye kuqinisekiswe ukuba anjalo inene ngaphambi kokuba angeniswe kwiBhunga laMagama eeNgingqi loMzantsi Afrika ukuba iwaphonononge. IBhunga liyakwandula ukuwadluliselwa kuMphathiswa kazweloneko woBugcisa neNkcubeko ukuba awavume ukuze uMlawuli oyiNtloko kwiSigqeba seeNkonzo zeeNdawo weSebe loPhuhliso IwaMaphandle noMiso ngoKutsha lweMihlaba balungise iimaphu ezisemthethweni ukuquka la magama nezinye iinkcukacha ngeendawo.

### **liNkonzo zeeLwimi**

NgokoMgaqo-siseko woMzantsi Afrika, 1996 nomgaqo-siseko waseNtshona Koloni, 1997, urhulumente wephondo laseNtshona Koloni kumele ngokwesigunyaziso neminye imiqathango abeke iliso aqwalasele ukusetyenziswa kweelwimi ezisemthethweni, umzekelo, isiBhulu, isiXhosa nesiNgesi. Kufuneka ezi lwimi zihlonitshwe ngokulinganayo. Ngaphaya koko, imiqathango esebezisekayo nenefuthe elihle ifuna ukuqwalaselwa ukuphucula nokuhlabela mgama ngokusetyenziswa kweelwimi zemveli zabantu baseNtshona Koloni ebezikade zinganikwanga sidima futhi zijongelwe phantsi.

Ngowe-1996, abeNkcukacha-manani eMzantsi Afrika benza ingxelo okokuqala ngeendawo ezisebenza iilwimi ezisemthetheni ezili-11. Oku sele kutshintshile kule minyaka idlulileyo kwaye ubalo lwabantu lukazweloneko luka-2011 luza kubonisa ingxelo yokusetyenziswa kolwimi lweenkobe ekupheleni kowama-2012.

### **Itheyibhile 5.2: Uhlalutyo lokusetyenziswa kolwimi lweenkobe eNtshona Koloni**

ABANTU ABASEBENZISA ULWIMI LWEENKOBE ENTSHONA KOLONI		
ULWIMI	UBALO-BANTU LOWE-1996 %	UBALO-BANTU LOWAMA-2001 %
isiBhulu	58.4	55.3
isiXhosa	18.9	23.7
isiNgesi	20.1	19.3
Ezinye iilwimi	2.6	1.7

NgokoMgaqo-siseko waseNtshona Koloni, 1998, nokuphunyeza koMgaqo-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni, nguRhulumente wePhondo ngowama-2005, iSebe linikwe uxanduva lokuqaphela ukulandelwa nokuthotyelwa komgaqo-nkqubo. Kuqhutywe uvavanyo amatyeli amaninzi kumasebe ephondo nakoomasipala baseNtshona Koloni ukubeka iliso ekusetyenzisweni komgaqo-nkqubo.

Iziphumo zoPhando kuLuntu ngowama-2007 zabonisa ukuba inani labantu abazizithulu nabangeva kakuhle badinga iinkonzo zoLwimi lweZandla IMzantsi Afrika. Uphando lwaphawula ukuba kukho abantu abali-14 605 abanengxaki yokuva ngeendalebe kwiphondo. Oku kunyanzelisa iSebe ukuba liqinisekise ukuba abo bantu bayafikelela kwiinkonzo zoLwimi lokuThetha ngeZandla loMzantsi Afrika. Ukuhlangabezana nezi ziphume zophando, isebe liqalise iinqubo ezahlukaneyo. Ngomhal we-16 kweyeKhala 2010 libambe isemina neyayi nabameli beNational Institute for the Deaf, iDeaf Federation Western Cape, iMfundu ngoLwimi lweZandla, iDeaf Community Cape Town, iPalamente yeSizwe, iNdlu yoWiso-mthetho yePhondo, izikolo zeziThulu, iForam yooSozilwimi yePhondo, iKomiti yeelwimi yeNtshona Koloni kwakunye namanye amasebe ephondo. Oku kwakunye nezinye

iinkqubo zothethwano kukhokelele ekusungulweni kweKlabhu yoQhakamshelwano ngoLwimi lweZandi. Ukujongona nabasebenzi abanengxaki yokuva ngeendlebe okanye abaneziphako zomzimba (izilima) luxanduva leSebe leNkulumbuso.

Uvavanyo oluphangaleleyo lokuhlola ukusetyenziswa koMgaqo-nkqubo weeLwimi kuwo onke amasebe ephondo olwenziwa ngabakwaErnst & Young lukhokelele kwingqungquthela eyabanjwa kwewyoMdumba 2010 yokwazisa banzi ngokubaluleka kokusetyenziswa kweelwimi ezininzi kwanokubaluleka kolwimi kubantu balo. Lo msitho wawuzinyaswe ngamagosa aphezulu bamasebe ohlukeneyo. Oku kukhokelele kuthethwano namasebe apho abaphathi abaphezulu bamasebe bathe baphinda baqondiswa kabanzi ngokubaluleka kokuthobela uMgaqo-nkqubo weeLwimi wePhondo. linkqubo zokwazisa banzi kwakunye nokuthotyelwa koMgaqo-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni ziza kuqhuba ngokuquzelelwa liSebe ze iKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni ibeke iliso.

### **linkonzo zamaThala eeNcwadi**

Ubonelelo Iweenkonzo zamathala eencwadi ngokubambisene noomasipala luyaqhuba. Ibonelelo-mali koomasipala be-B3 ukuze baqwalasele inkxaso-mali yamathala eencwadi oluntu okwaziwa ngokuba luxanduva olungabelwanga mali kubonisa isiqalo esitsha kwiNkonzo yamaThala eeNcwadi. Olu bonelelo-mali luza kuba negalelo ekuphakamiseni izinga leenkonzo zamathala eencwadi kwiindawo ezhilelekileyo nasekuphakamiseni isimo sezooqoqosho kuluntu oluahlala kwezi ndawo.

kuphawuleke imfuneko yeenkonzo neyamathala eencwadi amatsha nokuphuculwa kwalawo akhoyo. Oku kubonakala ngokunyuka kwezicelo ezivela koomasipala befuna uncedo Iwezbonelelo-mali zamaphulo amakhulu. Ezi mfuno zicace gca kwaye ziphakanyise Iwiingqungquthela ezininzi nangoomasipala abaninzi kwiSicwangciso soPhuhliso esiManyanisiwego (IDP).

Utshintsho kwisikhokelo solawulo Iwempahla yamathala eencwadi njengempahla yexabiso, tshintsho olo Iwaziswe kunayka-mali wama-2011/12, lukhokelele kutshintsho kwisimo sekusebenza. Oku kubonise imfuneko yokuqulunqwa komgaqo-nkqubo wokulawulwa kwempahla yamathala eencwadi njengempahla yexabiso. Kukwafunise ukuba ku-odolwe izinto ezinto ezingaphaya kwezigidi e-6 nezicinwe kwiindawo ezingama-354 kwisithuba nje seenyanga ezimbalwa. Kuye kwafuneka kwenziwe utshintsho kwiStandard Chart of Accounting (SCOA).

Inkonzo yamathala eencwadi yephondo ifuduse inkqubo yayo yolawulo Iwemisebenzi yamathala eenzwadi ngekhompuyutha ukusuka kwiCPALS ukuya kwiSLIMS (SITA Library Information Management System powered by Brocade), inkqubo entsha yobuxhakaxhaka bala maxesha. Ngaphezu koko, iNkonzo yamaThala eeNcwadi incedis oomasipala ukuze babenako ukusebenzisa iSLIMs kumathala eencwadi oluntu. Oku kuza kuqhuba nakunyaka-mali wama-2012/13.

lingunqu kwindlela abame ngayo oomasipala bemimandla, njengoko kupapashiwe kwiGazethi kwewyoMdumba 2011, kukhokelele ekucuthweni kwenani loomasimala abancedwa yiNkonzo yamaThala eeNcwadi-28 ukuya kuma-25. Amathala eencwadi aphantsi komasipala woMbindi weKharu, weEden noweNxweme IweNtshona baweliselwe phantsi koomasipala beendawo, iBeaufort West, George, Matzikama neCederberg ngokwahlukana wabo.

Ukusetyenziswa kweSibonelelo-mali esinemQiathango samaThal eeNcwadi oLuntu siza kuqhuba kunyaka-mali wama-2012/13, ngokwesicwangciso sokusebenza esitsha nesilungelelaniswe ngokwesikhokele sesibonelelo-mali esinemQiathango. Injongo yesi sibonelelo-mali kukulungiselela ukuba uluntu lubenako ukufikelela kulwazi neenkukacha nto

leyo iza kuphucula isimo salo sezooqoqosho.

Ubonelelo Iwezixhobo ne-intanethi zokufumana iNkcukacha noQhakamshlelwano ngeTeknoloji (ICT) luza kuqhuba kowama-2012/13

### **Ulondolozo Iweenkcukacha ezibalulekileyo**

Umsebenzi wokulawula amaxwebhu ukuqinisekisa ukusebenza ngokufanelekileyo nakakuhe kwamaxwebhu awenziwa ngamaqumrhu karhulumente weNtshona Koloni ngumsebenzi obaluleke kakhulu omele ukwenziwa yiNkonzo yoLawulo loLondolozo IweeNkcukacha eziBalulekileyo. Kuhlala kuqequeshwu abalawuli beenkcukacha nabasebenzi abachaphazelekayo kula maziko. Zonke iindlela zokubeka iifayile ngamalungu karhulumente kufuneka kuphunyezeze yile Nkonzo.

Inkonzo yoLondolozo IweeNkcukacha zaKudala eziBalulekileyo eNtshona Koloni inamaxwebhu amadala kakhulu elizweni lonke, ezsukela kowe-1651. Ngenxa yokusetyenzisa rhoqo nakakhulu imathiriyeli iyaguga, amaninzi kula maxwebhu afuna ukulungiswa nokulondolozwa ukuqinisekisa ukuba ahlala ixesha elide. Iqhinga lokuqinisekisa ulondolozo lwexesha elide lwakufuna ukusetyenzisa, ukuze kufakwane imilomo nabasebenzia idijithali endaweni yamafoto akudala achuchekayo. Kuza kuphandwa ngokufumaneka kwe-ovahedi edijithali nesikena ukuquzelela ukwenza iikopi/imithombo yeekopi kuluntu kunye nokulondolozwa kwamaxwebhu ukususa ukuphathwa ngendlela engafunekiyo.

Ukuze kuquzelelwe inkqubela-phambili ngokusebenzia ikhomppuyutha ukugcina amaxwebhu eenkcukacha zembali, iNkonzo yoLondolozo IweeNkcukacha zeziBalulekileyo iza kuqhuba ngokubambisana nombutho weGenealogical Society yaseUtah, USA, ukusebenzia iinkqubo zekhomppuyutha ukugcina amaxwebhu.

Inkonzo yoLondolozo IweeNkcukacha eziBalulekileyo eNtshona Koloni iphethe ngesivumelwa sokusebenzisana neNational Archief (eseHague eNetherlands). Eli phulo libizwa ngokuba liPhulo leMfaniselwano leNkcubeko neLifa leMveli, liyintsebenziswano enenjongo yokunceda ekuboneleleni ngemali nokutshintshiselana ngabasebenzi ukugcina amaxwebhu neenkcukacha ahambelana neVereenigde Oost-Indische Compagnie (VOC) era (1651 – 1795).

Inkonzo yolondolozo noKugcinwa kwamaXwebhu kwiPhondo leNtshona Koloni, iqalise iingxoxo neSebe leNkulumbuso malunga ne-e-filing. Kubalulekile ukuba Inkonzo yoLondolozo IweeNkcukacha eziBalulekileyo eNtshona Koloni, njengoko liphumeza iindlela zokubeka iifayile kwiphondo, liqalise ie-filing kulo. Oko kuyakwenza bakwazi ukulawula amaxwebhu amanye amasebe ngekhomppuyutha.

### **Imidlalo nezoLonwabo**

ULawuloi oluyiNtloko IweMidlalo noLonwabo, namacandelo amane anika ingxelo, iCandelo loLawulo, elezeMidlalo, elezoLonwabo nelezeMidlalo yeziKolo, luqhuba izindululo ngendlela edibana zonke iindlela zemisebenzi ze lithathe iinkalo yonxibelewano efana nemidlalo ezikolweni kubafundi abasafundayo, imidlalo esekelwe kuluntu ekuhlalen, ulutsha nemidlalo ekudidi oluphezulu, kwakunye nemisitho emikhulu nophuhliso Iwezixhobo zemidlalo. Le ndlela yokusebenza idibana zonke iinkalo zemisebenzi, iceba ukuthetha kwinkalo ezahlukaneyo zolonwabo, ukuthatha inxaxheba kwezemidlalo ngobuninzi, imidlalo esekelwe kukhuphiswano nemidlalo ekudidi oluphezulu. Ezinye izinto eziphuma kumanqanaba ahlukaneyo onikezelo Iweenkonzo aquka ukuthatha inxaxheba kwimidlalo yezikolo, ukuthatha inxaxheba kwimidlalo engaphandle kwekharityhulam yezikolo, iminyadala yezikolo noluntu, iiligi zemidlalo yesikolo kwimidlalo eyahlukaneyo, ukhuphiswano Iwengingqi kunye namaphondo, imidlalo yezikolo eNtshona Koloni, imidlalo esekelwe kuluntu lwasekuhlaleni kunye nokuthatha inxaxheba kulonwabo, iiligi zamaqela, amaqela wamaziko

oqeqesho olunomsila, uphuhliso lwamaqela, iinkampu zoqequesho olunomsila, amaziko oqequesho olunomsila ephondo, amaphulo alilifa neenkubo, kwakunye namanyathelo enguqu acazulula ukuthathwa kwezigqibo namacebo okusebenza. Isebe libona indima edlalwa ngamaqumrhu ezemidlalo namaBhunga ezemidlalo iyebalulekileyo ekuphuculen iukukhula kwezemidlalo. Ezinye izinto ezichaphazela ukusebenza okukwizinga eliphezulu kuquka iziphakamiso zengqungquthela yezemidlalo kuzwelone, kunye nokukhula nokwanda kwaMaziko eMidlalo iMOD.

## 5.2 Isimo sesebe


Isimo sobume beSebe sisahlolwa ngokutsha. Inxalenye yolu miso ngokutsha ibe kkusungulwa kweCandelo loLawulo lweQhinga lokuSebenza neNkxaso eliza kugxila koku kulandelayo:

- ukubonelelela ngoncedo ekusunguleni iqhinga lokusebenza nezicwangciso zokusebenza zesebe.
- iinkubo zocwangciso
- ukukhuthaza nokuququzelela ukusebenza, ukubeka iliso, ukuvavanya ukuhlola ngokutsha nokunika ingxelo kwesebe
- ukuphucula ubudlelane nabancedwyo/namahlakani aphambili
- ukuqinisekisa ubukho babasebenzi, ubambiswano, iinkonzo zomthetho nenkxaso kwiSebe ngokusebenziso iziko lothungelwano lephondo.

Ngaphezu koko, kucetywa ukongezwa iCandelo loLawulo loLondolozo lweeNkcukach eziBalulekileyo kwesi sakhelo sitsha. Kodwa ngokohlalho lwabiwo-mali olumiyo, akubonakali ukuba iSebe linako ukubekwala imali zonke ezi zithuba zitsha ziphunyeziwego nje ubeke saphunyezelwa unyaka-mali wama-2012/13 esi sakhelo sitsha.

Njengenxalenye yesakhelo sesebe esitsha esiphakanyisiwego, kongezwe icandelo elitsha elibizwa ngokuba yiMunicipal Replacement Funding (MRF) kwiNkonzo yamaThala eeNcwadi kwaye ukuqeshwa kwamagosa eli candela kuqualise ngowama-2011/12.

**Figa 5.1: ISakhelo seSebe**



**Qaphela:** Isithuba soMlawuli weeNkonzo zoLondolozo lweNkcukacha eziBalulekileyo sis aququnjelwa.

### ITheyibhile 5.3: Inani labasebenzi nezithuba ezingenabantu

INKQUBO	ZIZONKE IZITHUBA	IZITHUBA EZINGENABANTU
ULawulo	89	12
IMicimbi yeNkcubeko	371	29
lInkonzo zamaThala eeNcwadi noLondolozo IweeNkcukacha eziBalulekileyo	208	38
ImiDlalo noLonwabo (ezisisigxina nezethutyana)	67	4
ImiDlalo noLonwabo (izithuba ezingaqhelekanga)	537*	0
<b>Zizonke</b>	<b>1 272</b>	<b>83</b>

\* ezi zithuba eziyonxalenye yezithuba ezimiselweyo ezisisigxina (iindleko zabasebenzi), koko zizithuba ezongezelelwego nezihlawulwa phantsi kweemali ebekelwe iintengo neenkonzo (umbulelo).

## 6. Uhlolo ngokutsha lomthetho noxanduva

ISebe lihlole ngokutsha umthetho omdala nongasasebenzisekiyo oyiMuseum Ordinance. ISebe liceba ukwandalala uMthetho oSayilwayo omtsha kwiPalamente yePhondo, emva kwenkqubo yothethwano nabafanelekileyo, kunyaka-mali wama-2012/13. Lo mthetho mtsha wemaziko olondolozo Iwembali usenokuchaphazela amaziko athile kwaye uza kufuna uthethwano olubanzi nabantu abathile kwakunye namahlakani, hayi nje namaziko olondolozo Iwemabli abandakanyekayo kuphela.

IBhunga leLifa leMveli leNtshona Koloni liqulunge umgaqo malunga nemiqathango yokuziphatha ezintlanganisweni zeLifa leMveli leNtshona Koloni ngokugxile ekucaciseni icandelo 38 leNationa Heritage Resources Act, 1999 kulo nyaka uzayo.

## 7. Amavndlakanya ohlahlo Iwabiwo-mali lowama-2012 neengqikelelo zeMTEF

### 7.1 Ingqikelelo zenkcitho

#### Itheyibhile 7.1: ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo

Inkqubo		Iziphumo eziphicothiweyo			Ulwabelo-mali	Ulwabelo-mali olulungelela-nisiweyo	Ingqikelelo yenkcitho kwilixa elingelide kuyaphi		
Iwaka ngokwee R		2008/09	2009/10	2010/11	2011/12		2012/13	2013/14	2014/15
1.	Ulawulo <sup>a</sup>	33 386	41 692	37 008	39 566	39 455	43 358	44 516	47 088
2.	IMicimbi yeNkcubeko <sup>b</sup>	56 265	58 672	59 533	70 869	74 896	82 930	81 393	85 695
3.	lInkonzo zamaThala ee-Ncwadi noLondolozo IweeNkcukacha eziBalulekileyo <sup>c</sup>	105 048	115 795	118 960	122 945	157 130	179 638	193 354	214 646
4.	ImiDlalo noLonwabo <sup>d</sup>	305 271	85 571	78 522	79 778	80 999	84 835	91 079	96 272
<b>Zizonke</b>		<b>499 970</b>	<b>301 730</b>	<b>294 023</b>	<b>313 158</b>	<b>352 480</b>	<b>390 761</b>	<b>410 342</b>	<b>443 701</b>

**a** Intlawulo kaMEC iyonke: R1 566 089 ukususela ngomhla woku-1 kuTshazimpuzi 2011.

**b** ISibonelelo-mali samaPhondo seMisebenzi yoLuntu eyaNdisiwego: 2012/13: 4 000 000 (Isibonelelo-mali esinemiqathango sikazwelonke: R1 000 000 neProvincial Equitable Share: R3 000 000).

**c** ISibonelelo-mali esineMiqathango samaThala eeNcwadi oLuntu: R56 129 000 (2012/13), R60 210 000 (2013/14) neR72 828 000 (2014/15).

**d** ISibonelelo-mali esineMiqathango sikaZwelonke seNtatho-nxaxheba ngobuNinzi noPhuhliso IwemiDlalo: R44 644 000 (2012/13), R47 301 000 (2013/14) neR49 966 000 (2014/15)

## Ucalulo ngokoqoqosho

<b>lintlawulo ezimiyo</b>	<b>226 994</b>	<b>229 614</b>	<b>217 515</b>	<b>240 939</b>	<b>240 226</b>	<b>261 139</b>	<b>271 719</b>	<b>296 886</b>
Imbuyekezo yabasebenzi	100 106	111 298	118 190	133 691	130 199	140 911	149 960	158 735
Impahla neenkonzo	126 888	118 316	99 325	107 248	110 027	120 228	121 759	138 151
Inzala nerhafu yomhlaba	-	-	-	-	-	-	-	-
lintlawulo zempahla yexabiso neemfanelo	55	186	171	-	31	-	-	-
<b>lintlawulo nezibonelelo kwi:</b>	<b>268 630</b>	<b>66 247</b>	<b>72 580</b>	<b>70 042</b>	<b>108 873</b>	<b>126 632</b>	<b>135 874</b>	<b>143 916</b>
Kwiphondo nakoomasipala	242 853	35 452	45 405	43 198	74 466	93 221	101 484	107 660
Kwii-arhente zesebe nee-akhawunti	2 100	2 263	785	1 972	2 022	1 992	2 148	2 256
Kwiuyunivesithi neeteknikhoni	-	-	-	-	-	-	-	-
Kookopolotyeni namashishini abucala	-	-	-	-	-	-	-	-
Koorhulumente bamazwe angaphandle nemibutho yamazwe-ngamazwe	-	-	-	-	-	-	-	-
Kumaziko angensi nzudo	23 423	27 021	25 359	24 852	32 047	31 343	32 232	33 990
Ezangaphakathi	254	1 511	1 031	20	338	76	10	10

<b>lintlawulo zempahla yexabiso engundoqo</b>	<b>4 291</b>	<b>5 683</b>	<b>3 713</b>	<b>2 177</b>	<b>3 350</b>	<b>2 990</b>	<b>2 749</b>	<b>2 899</b>
Izakhiwo nezinye ezingenakufuduswa	-	-	-	-	-	60	62	65
Oomatshini nezixhobo	4 291	5 663	3 713	2 177	3 350	2 915	2 671	2 817
Impahla yexabiso esungiliwego	-	-	-	-	-	-	-	-
ISoftware nezinye ezingaphathekijo	-	20	44	-	-	15	16	17
Umhlaba nezingaphantsi kwawo	-	-	-	-	-	-	-	-
Zizonke	<b>499 970</b>	<b>301 730</b>	<b>294 023</b>	<b>313 158</b>	<b>352 480</b>	<b>390 761</b>	<b>410 342</b>	<b>443 701</b>

## 7.2 Ukungqamanisa inkcitho neenjongo zeqhingga lokusebenza

Eyona misebenzi ingundoqo yeSebe noxanduva kukukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi, ubugcisa nenkcubeko, imidlalo nolonwabo, ulawulo londolozo lwembali nelifa lemveli namathala eencwadi nolondolozo Iweenkcukacha ezibalulekileyo ukukhawulezisa ukukhula okuzinzileyo ukuze kuxhamle lonke uluntu IweNtshona Koloni. De kube ngoku, uhlahlo lwabiwo-mali neMTEF zinegalelo ekuphunyezweni kweenjongo zesebe ngolu hlolo lulandelayo:

- 11.10% yolwabelo IweMTEF yenza ulawulo Iweenkonzo zeSebe nezamaqumrhu alo ngendlela esebezayeo, esulungekileyo nenoqoqosho.
- 21.22% yolwabelo IweMTEF inegalelo ekukhuthazeni, ekupuhhliseni nasekwrenzeni iin guqu kuzo zonke iinkqubo zenkcubeko eNtshona Koloni ukwenza igalelo kulwakhiwo Iwesize, ulawulo olusulungekileyo, uphuhliso Iwezinto ezingundoqo zoluntu nokukhula kwezoqoqosho namathuba.
- 45.97% yolwabelo IweMTEF inegalelo kupuhhliso, ekwenzeni iinguqu nasekukhutha zeni uzinzo kwezamathala eencwadi, kwezolwazi nakwezelondolozo Iweenkcukacha ezibalulekileyo.
- 21.71% yolwabelo IweMTF inegalelo ekusungulweni nasekuxhasweni kweenguqu ukwandisa intatho-nxaxheba nentsulungeko kwezemidlalo.

# ICANDELO B: IZICWANGCISO ZENKQUBO NEENKQUTYANA

## 8. Inkqubo 1: Ulawulo

**Injongo:** Ukuqhuba ulawulo oluphangaleleyo nokunika iSebe inkxaso.

**Ukuhlalutya iinkqutyana:**

**Inkqutyana 1.1: Iofisi kaMphathiswa**

Ukunikezela ngomsebenzi wolawulo, ukunxulumana nekunikezelwa kubo iinkonzo kunye nenkxaso kuMphathiswa wePhondo.

**Inkqutyana 1.2: Inkonzo zolawulo-mali**

Ukunikezela inkxaso epheleleyo kwiSebe kwezemali, kuquka nolawulo lwenkonzo zemali yamaqumrhu karhulumente.

**Inkqutyana 1.3: liNkonzo zoLawulo**

Ukunikezela inkxaso yolawulo nokubhala kwiNtloko yeSebe ngokunikela ngenkonzo yonxibelewano, izisicwangciso, ulawulo lwantsuku zonke, kuquka neenkonzo zokubeka iliso nokuvavanya kunye namanyathelo okuphucula unikezelo lweenkonzo nokunikeza uncedo ekugcineni nokunika iindawo zokuhlala.

### 8.1 Injongo yeqhinga lokusebenza nekujoliswe kuko ngonyaka wama-2012/13

<b>Injongo yeqhinga lokusebenza</b>	Ukulawula nokunikezela iinkonzo ezisebenza kakuhle nangokufanelekileyo kwiqhingga lokusebenza lolawulo lweSebe, kuquka namaqumrhu karhulumente.
<b>Isitethimenti senjongo</b>	Ukulawula nokunikezela ngeenkonzo ezisebenza kakuhle nangokufanelekileyo kwiSebe, kuquka namaqumrhu karhulumente ukuqinisekisa ulawulo olucokekileyo olunexabiso.
<b>Umda osisiseko</b>	Ingxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele
<b>Ulungelelaniso</b>	Inkonzo eseberza kakuhle, ngokufanelekileyo, nangolawulo loqoqosho.

#### 8.1.1 IOFISI KAMPHATHISWA

<b>Injongo yeqhinga lokusebenza</b>	Ukunikela ngenkxaso yokubhala, yokulungiselela ukuqhuba umsebenzi, ulawulo/umsebenzi we-ofisi nokunxibelewano nepalamente.
<b>Isitethimenti senjongo</b>	Ukunikezela ngengcebiso ezifanelekileyo nezisebenzayo nangenkxaso kaMphathiswa ngoonobhala ukuze aqhube noxanduva lwakhe lwezopolitiko ngokuncomekayo.
<b>Umda osisiseko</b>	Ziintsku ezi-3 ukuphendula imbalelwano yoMphathiswa
<b>Ulungelelaniso</b>	Injongo iza kuqinisekisa ukuseberza kakuhle ngendlela efanelekileyo kwe-ofisi.
<b>Unxulumano</b>	Inkonzo eseberza kakuhle nangokufanelekileyo, nolawulo lweenkonzo zoqoqosho.

### 8.1.2 IINKONZO ZOLAWULO LWEMALI

<b>Injongo yeqhinga lokusebenza</b>	Ukumisela ngokweziko iNkqubo yokuPhucula uLawulo IweMali (FMIP).
<b>listethimenti senjongo</b>	Ukumisela ngokweziko iNkqubo esebeza kakuhle nangokufanelikileyo yokuPhucula uLawulo IweMali
<b>Umda osisiseko</b>	1
<b>Ulungelelaniso</b>	Ulawulo Iwemali olwenza ingqiqo
<b>Unxulumano</b>	Inkonzo esebeza kakuhle, efanelekileyo, nelawula uqoqosho.

### 8.1.3 IINKONZO ZOLAWULO

<b>Injongo yeqhinga lokusebenza</b>	Ukulawula nokuguqulela imigaqo-nkqubo nemiba ephambili kwicebo leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo
<b>listethimenti senjongo</b>	Ukuguqulela imigaqo-nkqubo nemiba ephambili kwicebo lonikezelo lweenkonzo olusebenza kakuhle nokulawula, ukubeka iliso, ukuhlola nokulawula indlela ekwisebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, ukuqinisekisa ulawulo olululo
<b>Umda osisiseko</b>	Injongo entsha
<b>Ulungelelaniso</b>	Ukuqinisekisa ukusebenza kakuhle, ngokufanelekileyo, ngokwezoqoqosho, ngolingano nendlela ecacileyo yokunikezelwa kwenkonzo liSebe.
<b>Unxulumano</b>	Inkonzo esebeza kakuhle, ngokufanelekileyo, enolawulo loqoqosho.

#### Inkqutyana 1.1: Iofisi kaMphathiswa

<b>Injongo yeqhinga lokusebenza</b>	Umsebenzi oPhicothiweyo/ Owona wenziweyo			Ingqikelel o yomse- benzi 2011/12	Ekujoliswe kuko kwilixa elingelide kuyaphi		
	2008/09	2009/10	2010/11		2012/13	2013/14	2014/15
<b>1.1.1</b> Ukunike-zela inkxaso yokubhala, yokulungiselala, yolawulo/yokusebenza eofisini nonxibelelwano epalamente	-	-	-	-	2	1	1

#### Inkqutyana 1.2: Inkonzo zolawulo Iwemali

<b>Injongo yeqhinga lokusebenza</b>	Umsebenzi oPhicothiweyo/ Owona wenziweyo			Ingqikelel o yomse- benzi 2011/12	Ekujoliswe kuko kwilixa elingelide kuyaphi		
	2008/09	2009/10	2010/11		2012/13	2013/14	2014/15
<b>1.2.1</b> Ukumisela ngokweziko ukuPhuculwa kweNkqubo yoLawulo IweMali (FMIP)	-	-	Kwaphuhliswa/ kwase-tyenzi-swa / kwagcin-wa isiseko sokux-hobisa abase-benzi abase-benzo ngemali	Ukugcina isisekelo sokuxhobisa abase-benzi abase-benzo ngemali	Ukuhla-ziya nokugcina isisekelo sokuxhobisawa kwabase-benzi abase benzo ngemali	Gcina isiseko esihlazi-yiweyo sokuxhobisa abase-benzi	Gcina isiseko esihlazi-yiweyo sokuxhobisa abase-benzi Abase-benzo ngemiba yemali

### Inkqutyana 1.3: Ulawulo IweeNkonzo

Injongo yeqhinga lokusebenza		Umsebenzi oPhicothiweyo/ Owona wenziweyo			Inggikelel o yomsebenzi 2011/12	Ekujoliswe kuko kwilixa elingelide kuyaphi		
		2008/09	2009/10	2010/11		2012/13	2013/14	2014/15
1.3.1	Ukulawula nokusebenza imigaqo-nkqubo nokuqonda imiba ephambili kwiqhingga lokusebenza lesebe leMici-mbi yeNkucbeko neMidlalo	-	-	11	9	16	16	16

### 8.2 Iimpawu zomsebenzi wenkqubo nekujoliswe kuko ngonyaka wama-2012/13

#### Inkqutyana 1.1: Iofisi yoMphathiswa

IMIQATHANGO ELUNGISELWEYO YOKUSEBENZA YEPHONDO								
Isalathisi somsebenzi wenkqubo		Umsebenzi oPhicothiweyo/ Owona wenziweyo			Inggikelel o yomsebenzi 2011/12	Ekujoliswe kuko kwilixa elingelide kuyaphi		
		2008/09	2009/10	2010/11		2012/13	2013/14	2014/15
1.1.1	Ukupuhhlisa nokusebenza isicwangci-so sokugcina iifayili zeOfisi yoMptha-thiswa.	-	-	-	-	Uqu-lunkqo lwesic-wangciso esi-1 sokugci-na iifayili	Isicwang-ciso esi-1 sokugi-can iifayile esiphu-nyeziw-eyo ze	Isicwang-ciso esi-1 sokugcina iifayili esisety-enzisiw-eyo
1.1.2	Ukuvelisa uxwebhu lwendlela yokukhalla uku-lungelelanisa nokuququzelela izibheno eziya kuMEC ngokwecandelo 49 lomthetho iNational Heritage Resources Act, 1999 (uMthetho 25 ka1999)	-	-	-	-	Uxwebhu olunye lwendlela yokukhalla olusungiliweyo nolusetyenzisiw-eyo	-	-

### Inkqutya 1.2: liNkonzo zoLawulo IweMali

IMIQATHANGO ELUNGISELWEYO YOKUSEBENZA YEPHONDO								
Isalathisi somsebenzi wenkqubo		Umsebenzi oPhicothiweyo/ Owona wenziweyo			Ingqikelel o yomse- benzi 2011/12	Ekujoliswe kuko kwilixa elingelide kuyaphi		
		2008/09	2009/10	2010/11		2012/13	2013/14	2014/15
1.2.1	Ukuveliswa/ ukusetyen- ziswa/ uku- gcinwa kwesikhokelo sokuxho- tyiswa kwabase- benzi ngemali ngezakhono	-	-	Ukuve- liswa/ ukusety- enziswa/ uku- gcinwa kwesik- hokelo sokux- hotyiswa kwabase- benzi ngemali ngezak- hono	Ezigcin- we zise- benza	Ezihlolwe ngo- kutsha nezigcin- we zise- benza	Ezigcin- we zise- benza	Ezigcin- we zise- benza

### Inkqutysna 1.3: liNkonzo zoLawulo

IMIQATHANGO ELUNGISELWEYO YOKUSEBENZA YEPHONDO								
Isalathisi somsebenzi wenkqubo		Umsebenzi oPhicothiweyo/ Owona wenziweyo			Ingqikelel o yomse- benzi 2011/12	Ekujoliswe kuko kwilixa elingelide kuyaphi		
		2008/09	2009/10	2010/11		2012/13	2013/14	2014/15
1.3.1	Ukusebenzisa izicwangciso zokuphucula unikezelo lweenkonzo ngokweBatho Pele	-	-	8	6	2	2	2
1.3.2	Inani leenkqu- bo zovavanyo ezenziweyo (Ukbek' es- weni novava- nyo)	4	3	3	3	2	2	2
1.3.3	Inani lezi- cwangciso zophuhliso ezenziweyo nezisetyen- zisiweyo	-	-	-	-	12	12	12

### 8.3 Ekujoliswe kuko ngekota ngonyaka wama-2012/13

#### Inkqutyana 1.1: i-Ofisi kayoMphathiswa

IMIQATHANGO ELUNGISELWEYO YOKUSEBENZA YEPHONDO							
Isalathisi somsebenzi wenkqubo		Iixa lokuni-ka ingxelo Iixa lokuni-ka ingxelo	Akujoliswe kuko ngonyaka Ekujo-liswe kuko ngonyaka 2012/13	Ekujoliswe kuko ngekota Ngekota Ekujoliswe kuko ngekota			
				1st	2nd	3rd	4th
1.1.1	Ukuvelisa nokuse-benzisa isicwang-ciso sokugcina iifayili ze-Ofisi yoMphathiswa	Ngonyaka Ngonyaka	Uqulunqo Iwesic-wangciso esi-1	-	Uqulunqo Iwesic-wangciso esi-1	-	-
1.1.2	Ykuvelisa ux-webhu lwendlela yokukhalaza uku-quuzelela izib-heno eziya kuMEC ngokwecandelo 49 lomthetho iNational Heritage Resources Act, 1999(uMthetho 25 ka-1999)	Ngonyaka Ngonyaka	Uxwebhu lwendlela yokukha-laza olu-1 oluvelisi-eyo ze lasetyenziswa	-	-	Uxwebhu lwendlela yokukha-laza olu-1 oluvelisi-eyo ze lasetyen-ziswa	-

#### Inkqutyana 1.2: liNkonzo zoLawulo IweMali

IMIQATHANGO ELUNGISELWEYO YOKUSEBENZA YEPHONDO							
Isalathisi somsebenzi wenkqubo		Iixa lokuni-ka ingxelo Iixa lokuni-ka ingxelo	Akujoliswe kuko ngonyaka Ekujo-liswe kuko ngonyaka 2012/13	Ekujoliswe kuko ngekota Ngekota Ekujoliswe kuko ngekota			
				1st	2nd	3rd	4th
1.2.1	Ukugcina isikhokelo sokuxho-tyiswa kwabase-benza ngemali ngezakhono	Ngonyaka	1	-	-	-	1

#### Inkqutyana 1.2: liNkonzo zoLawulo

IMIQATHANGO ELUNGISELWEYO YOKUSEBENZA YEPHONDO							
Isalathisi somsebenzi wenkqubo		Iixa lokuni-ka ingxelo Iixa lokuni-ka ingxelo	Akujoliswe kuko ngonyaka Ekujo-liswe kuko ngonyaka 2012/13	Ekujoliswe kuko ngekota Ngekota Ekujoliswe kuko ngekota			
				1st	2nd	3rd	4th
1.3.1	Ukusebenzissa iinkqubo zonikezel-o lweenkonzo ngokweBatho Pele	Ngonyaka	2	-	-	-	2
1.3.2	Inani lamaphulo ovavanyo enziweyo (Ukubek' esweni novavanyo)	Ngekota	2	-	-	1	1
1.3.3	Inani lezicwang-ciso zoqhakam-shelwano ez-isunguliweyo ze zasetyenziswa	Ngekota	12	3	3	3	3

## 8.4 Ungqamaniso lokujoliswe kuko nohlahlo Iwabiwo-mali neMTEF

### Uqikelelo Iwenkcitho

#### Itheyibhile 8.4: Inkqubo 1: Ulawulo

Inkqutyana	Iziphumo zenkcitho				Uhlen-gahlen-giso olulung-ise-lelwego	Uqikelelo Iwenkcitho kwilixa elingelide kuyaphii		
R iwaka	2008/09	2009/10	2010/11	2011/12		2012/13	2013/14	2014/15
I-Ofisi yoMphathiswa1	5 182	6 696	5 447	4 845	5 330	5 657	6 001	
liNkonzo zoLawulo Iwe-mali	20 195	24 657	24 434	19 402	20 696	21 712	22 942	
linkonzo Zolawulo	8 009	10 339	7 127	15 208	17 332	17 147	18 145	
<b>Zizonke</b>	<b>33 386</b>	<b>41 692</b>	<b>37 008</b>	<b>39 455</b>	<b>43 358</b>	<b>44 516</b>	<b>47 088</b>	

1 Umgodlo oyintlawulo yoMphathiswa:: R1 566 089 ukusukela ngomhla wo-1 kuTshazimpuzi 2011

Ucalulo ngokooqoqosho							
Intlawulo ezenziwayo	32 698	37 594	35 424	39 266	43 001	44 405	46 970
Intlawulo yabasebenzi	22 750	26 655	26 030	27 157	29 958	31 905	33 845
Impahla neenkonzo	9 925	10 839	9 394	12 109	13 043	12 500	13 125
Inzala nerhafu yomhlaba	-	-	-	-	-	-	-
Intlawulo zempahla yexabiso neemfanelo	23	100	-	-	-	-	-
Intlawuo neezibonelelo-mali:	112	3 487	-	130	-	-	-
Kumaphondo noomasipala	-	-	-	-	-	-	-
Kwii-arthente neeakhawunti	100	380	-	130	-	-	-
Kumaziko emfundu enomsila	-	-	-	-	-	-	-
Kookopolotyeni namashishini abucala	-	-	-	-	-	-	-
Koorhulumente bangaphandle nemibutho yehlabathi	-	-	-	-	-	-	-
Amaziko angenzi ngeniso		2 246	-	-	-	-	-
Ezangaphakathi	12	861	-	-	-	-	-
Intlawulo yempahla yexabiso engundoqo	576	611	1 528	43	357	111	118
Izakhiwo nempahla enganakufuduswa	-	-	-	-	-	-	-
Oomatshini nezixhobo zokusebenza	576	604	1 515	59	342	95	101
Impahla yexabiso esunguliewyo	-	-	-	-	-	-	-
Isoftwe nempahla engabambekiyo	-	-	-	-	15	16	17
Imihlaba nezinto ziphantsi komhlaba	-	7	13	-	-	-	-
<b>Iyonke</b>	<b>33 386</b>	<b>41 692</b>	<b>37 008</b>	<b>39 455</b>	<b>43 358</b>	<b>44 516</b>	<b>47 088</b>

## *Umsebenzi nendlela ehambe ngayo inkcitho*

Ukwehla koLawulo IweeNkonzo zeMali ukusukela ngowama-2010/11 kubalelwa kwinkqubo yokuphucula indlela yokusebenza. Ngonyakamali wama-2011/12 iSebe lisungule iCandelo loLawulo leQhinga lokuSebenza neNkxaso. Oku kwadinga ukubekwa phambili kwesigidi serandi (R1m) kunyaka-mali wama-2012/13. Kukho inkcitho eza kusetyenziswa kube kanye yokwazisa nokubhalwa kweesayini eziR0.250m ebekelwe bucala kunyakamali wama-2012/13 phantsi kweNkqutyana yoLawulo IweeNkonzo. Kuye kwaqukwya isixa-mali esizizigidi eziR0.844m sePhulo iPay Advancement for Youth (PAY).

### **9. Inkqubo 2: IMicimbi yeNkcubeko**

**Injongo:** Ukunikezela ngeenkonzo zobugcisa nenkcubeko, zolondolozo lwembali, ilifa lemveli neelwimi kubemi baseNtshona Koloni.

#### **Uhlalutyo Iwenkqutyana:**

##### **Inkqutyana 2.1: Ulawulo**

Ukunikezela ngenkxaso kulawulo lwemicimbi yenkcubeko.

##### **Inkqutyana 2.2: UBugcisa neNkcubeko**

Ukuququzelela uphuhliso, ukugcinwa nokukhuthazwa kobugcisa nenkcubeko eNtshona Koloni ngokusebenzia amagunya amaqumrhu asebenzayo emicimbi yobugcisa nenkcubeko, imicimbi nendawo zokusebenza ukuxhasa nokuncedisa iKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni (WCCC) ukufezekisa oko imiselwe kona ngokwasemthethweni.

##### **Inkqutyana 2.3: liNkonzo zoLondolozo IweMbali**

Ukukhuthaza nokulondoloza ilifa lemveli ngeenkonzo zolondolozo lwembali nemibutho, ukunikezela ngolondolozo, ngenkuthazo nophuhliso Iwenkcubeko nelifa lemveli kunye nokunceda amaziko olondolozo lwembali angamahlakani ngokusebenzia iMuseum Ordinance yePhondo, 1975.

##### **Inkqutyana 2.4: Izixhobo zokusebenza zeLifa leMveli**

Ukunikezela ngolondolozo, inkuthazo nophuhliso Iwezixhobo zokusebenza zelifa lemveli; ukuququzelela iinkqubo zokubeka kumgangatho wolingano okanye ukwenza utshintsho, apho kufuneka Iwenziwe khona ngamagama eendawo; ukuququzelela imiba yelifa eNtshona Koloni ehambelana nemiba yeLifa leMveli kwiHlabathi, nokuncedisa ulawulo lokusetyenziswa kwezixhobo zelifa lemveli ngokusebenzia izindululo zikazwelone ezamiselwa ngumthetho iSouth African Geographical Names Council Act, 1998, iWorld Heritage Convention Act, 1999 nomthetho iNational Heritage Resources Act, 1999.

##### **Inkqutyana 2.5: liNkonzo zeeLwimi**

Ukukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi zoluntu njengenxalenye yokwakha ukuzidla nokuqondana kwabantu eNtshona Koloni; ukuphuhlisa iilwimi zoluntu ebezikade zijongelwe phantsi; ukuququzelela ukuseteynziswa nokubeka iliso kuMgaqo-nkqubo weeLwimi, nokuncedisa iKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni (WCLC).

INKQUTYANA	AMACANDELO	IMISEBENZI
Ulawulo	ULawulo oluyiNtloko leMicimbi yeNkcubeko	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuunikela ngecebo elingumkhomba-ndle la nokulawula inkqubo</li> </ul>
Ubugcisa neNkcubeko	linkonzo zeNkcubeko	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuunika inkxaso yezomsebenzi neyolawu lo lwe-ofisi kwiKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni</li> <li>• Ukuququzelela ukukhuthaza, uphuhliso nolondolozo lobugcisa nenkcubeko</li> </ul>
linkonzo zoLondolozo lweMbali	liNKonzo zoLondolozo lweMbali	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuunikezela ngenkxaso yokuphathwa kwamaziko olondolozo lwembali anxu lumeneyo</li> <li>• Ukuunikezela ngenkxaso yobuchwepheshha kumaziko olondolozo lwembali anxulume neyo</li> </ul>
linkonzo zeLifa leMveli	Inkonzo yokulawula iziXhobo zeLifa leMveli	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuunikela ngenkxaso yezomsebenzi nezinye iindlela ukuxhasa iLifa leMveli eNtshona Koloni</li> </ul>
	Inkonzo yaMagama eeNgingqi eNtshona Koloni	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuunikezela inkxaso yezomsebenzi kunye nenkxaso yolawulo lwe-ofisi kwiKomiti yaMagama eeNgingqi eNtshona Koloni</li> <li>• Ukuunikezela ngesikhokelo esilicebo kwa-basemagunyen'i kunye noluntu ngemiba yokwenza izindululo zotshintsho lwamagama eendwao</li> </ul>
linkonzo zeeLwimi	Umgao-nkqubo weeLwimi	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuunikezela ngenkxaso ngomsebenzi we-zeelwimi kunye nezinye iindlela zokuxhasa iKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni</li> <li>• Ukongamela ukusetyenziswa koMgao-nkqubo weeLwimi</li> <li>• Ukuunikezela ngeenkonzo zokusetyen ziswa kolwimi</li> </ul>

## 9.1 Injongo yeqhinga lokusebenza nekjoliswe kuko ngonyaka wama-2012/13

<b>Injongo yeqhinga lokusebenza</b>	Ukuqhubela phambili neenkalo zobugcisa nemisebenzi yenkcubeko ibe ngamathuba anokunceda uluntu lwaseNtshona Koloni.
<b>Isitethimenti senjongo</b>	Ukukhuthaza intlonipho yeyantlukwano yenkcubeko nokuqhubela phamabili ngeenkalo zobugcisa zibe ngamathuba ngokwakha italente nokusebenza kakuhle ngeli xesha kusandiswa ukuthathwa kwenkxa-xheba ezantsi uluntu lusonwabela ubugcisa kuzo zonke iindawo zokuhlala uluntu nogkuquzelela iinkqubo kuwo omathandathu amacandelo eentlobo zobugcisa
<b>Isiseko</b>	Imibutho yobugcisa nenkcubeko engama-77
<b>Ulungelelaniso</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Kwakhiwa amaqela anolwazi nabandakanyeka kwezoBugcisa neNkcubeko</li> <li>• Amangenelo anggalileyo anikwa ifuthe lumphando.</li> <li>• Iziphumo ezicacileyo zenkqubo ngokohlobo lobugcisa nophuhliso lwetalente</li> <li>• Kukhuthazwe ubunye boluntu nophuhliso lwamandla lumphuculwe ngobugcisa nenkcubeko</li> <li>• Ifuthe lezobugcisa nenkcubeko kwezoqoqosho</li> </ul>
<b>Unxibelewano</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuphucula iziphumo zemfundo ezikolweni</li> <li>• Ibambisana neNjongo zeQhinga loKusebenza lePhondo ngeNtse-benziswano yoLuntu kowama-2010/15</li> <li>• IsiKhokelo seQhinga loKusebenza seThem ePhakathi ngowa ma-2009/14 ejolise ekunciphiseni indlala, ukukhuthaza uphuhliso lweendawo zasemaphandleni nokuqinisekisa ukwabiwa ngokulin ganayo kwengeniso yokukhula kwezoqoqosho.</li> <li>• Ngokusebenzisa inkqubo yokuphuhlisa uhlobo othile lobugcisa iSebe likhuthaza uphuhliso kwaye liqinisekisa uzinzo lobugcisa bomculo, umdaniso neqonga, uncwadi nobugcisa boku-zoba, ukuixonxa nokupeyinta.</li> </ul>

<b>Injongo yeqhinga lokusebenza</b>	Ukunikezela ngenkxaso yokulawula nokusebenza ngokufanelekileyo nangokusebenzekayo kwimigudu engamashumi emithathu ananye namasebe karhulumente onganyelwa liSebe ngokubeka iliso nokuhlolaziphumo zalamaziko.
<b>Isitethimenti senjongo</b>	Ukunikezela ngenkxaso yokusebenza kakuhle nangokufanelekileyo, ngokuniika inkxaso yolawulo nemali kwimigudu namasebe karhulumente onganyelwa liSebe.
<b>Isiseko</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>ILifa leMveli leNtshona Koloni</li> <li>Ikomishini yenkcubeko yeNtshona Koloni</li> <li>IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni</li> <li>Amaziko olondolozo Iwembali angama-28 abandakanyekayo</li> </ul>
<b>Ulungelelaniso</b>	Isebe linika inkxaso yolawulo ngomsebenzi kwimigudu emithathu yephondo namaziko olondolozo Iwembali angama28 ukuginisekisa ukuba bayazazizalisekisa izindululo zabo.
<b>Unxibelewano</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukuphuucla iziphumo zemfundo ezikolweni.</li> <li>Inkxaso enikezelwe kwimigudu emithathu yephondo namaziko olondolozo Iwembali ezinxulume- neyo ngokukhuthaza ukuphuhilisa nokunyusa uphuhliso nenguqu yemisebenzi yenkcubeko ukuze ibenegalelo ekwakhiweni kwsizwe, uluwulo olulungileyo, uphuhliso loluntu namandlaoluntu namathuba azinzileyo okukhulla koqoqosho.</li> </ul>

<b>Injongo yeqhinga lokusebenza</b>	Ukukhawulezisa inguqu kwinkalo yelifa lemveli eNtshona Koloni ngokunikezela iinkonzo zokugcina ukuphuhlisa, nokukhuthaza ilifa lemveli eNtshona Koloni ngokusebenzia iinkonzo zamaziko olondolozo Iwembali anxulumeneyo namaziko elifa lemveli
<b>Isitethimenti senjongo</b>	Ukukhawulezisa inguqu kwinkalo yelifa lemveli eNtshona Koloni ngokunikezela iinkonzo ezinanzi ukugcina, ukuphuhlisa nokukhuthaza ilifa lemveli eNtshona Koloni ngamaziko elifa lemveli anxulumeneyo angama-28
<b>Isiseko</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Amaziko olondolozo Iwembali angama-28 abandakanyekayo</li> <li>IKomiti yaMagama eeNgingqi eKapa</li> <li>Ilifa leMveli leNtshona Koloni</li> </ul>
<b>Ulungelelaniso</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Isebe linoxanduvaelimiswa nguMgaqo-siseko mayela namaziko olondolozo Iwembali ezingaphandle kweemyuziyam zelizwe ne miba yenkcubeko kwiphondo.</li> <li>Amaziko olondolozo Iwembali ezinxulumeneyo namacandelo karhulumente ziarihente ezime endaweni entle ekukhawuleziseni uphuhliso nenguqu kummandla wenguqu nokuzisa intsingiselo yokufunda ubomi-obude ngeenkqubo zoluntu.</li> <li>Amaziko olondolozo Iwembali nelifa lemveli linika igalelo kubam biswano loluntu nophuhliso Iwamandla oluntu.</li> <li>Amaziko olondolozo Iwembali nesayithi zelifa lemveli zinika amathuba anikezela uphuhliso Iwezoqoqosho ngokuqwalasela iindawo zongxininiso, ingakumbi kwiindawo zasemaphandleni, ekunokuthi kwakhelwe kuzo ilifa lemveli nokhenketho Iwenk cubeko.</li> <li>Uhlaziyo oughubekayo lokumisela umgangatho namagama eendawo kunikezela ithtuba lokuqwalasela ilifa lemveli, imbali, iyantlukwano yenkcubeko neelwimi eNtshona Koloni</li> </ul>
<b>Unxibelewano</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukuphucula iziphumo zemfudo ezikolweni (Inkalo Ephambili yePC)</li> <li>Kunikwe inkxaso kwamaziko olondolozo Iwembali ezinxulume neyo, lifa Lemveli eNtshona Koloni neKomiti yaMagama eeNg ingqi eNtshona Koloni aza kufaka isandla kwimisebenzi yokukhuthaza, ukuphuhlisa nengququ yemisebenzi yenkcubeko ekwakheni isizwe, ulawulo olu- lulo, uphuhliso loluntu namandla oluntu nokukhula koqequesho oluzinzileyo nokuvulwa kwamathuba.</li> <li>Ukukhuthazwa kophuhliso Iweendawo zasemaphandleni (Inkalo Ephambili iNG)</li> <li>Ukuphucula indlela yokusebenza efikelelekayo nesebenza kakuhle kwimpilo entle yeNtshona Koloni (Injongan yekhabhinethi yeWC/Injongo yekhabhinethi yeNG). Isebe liza ngokuphuhlisa umgaqo-nkqubo weenkonzo zolondolozo Iwembali kwiphondo nokudrafta umthetho-siseko wamaziko olondolozo Iwembali kwiphondo, ukuzama ukuqinisekisa ukuba kuphuculwa ukusebenza kakuhle nangokufanelekileyo kulawulo Iweemyuziyam ezinxulumeneyo.</li> </ul>

	<ul style="list-style-type: none"> <li>Uphuhliso lwamandla abantu luza kuqwalasela upuhliso loluntu nendlela ubambiswano loluntu (Umbozo woMzantsi Afrika 2025) nokuphuculwa kwezakhono kunye nomgangatho wem fundo phakathi kwezinye izinto (linjongo zeKhabhineti kwiNG nemiba yeenkalo eziphambili): amaziko elifa lemveli namacandelo karhulumenteaza kuqwalaselaaza ku-qwalasela ubambiswano loluntu ngokwandisa imbali nelifa lemveli labantu baseNtshona Koloni naseMzantsi Afrika. Inkonzo yeMyuziyam iz akuzama ukugcina abasebenzi abanezakhono ezingabileyo kunye nokuqesha abasebenzi abanezakhono ezifunekayo nezilungele ukwenza imisebenzi engxakangxaka enokubambezela ukunikezelwa kweenkonzo kwixesha elide. In-konzo Yemyuziyam iza kughuba noqequesho lwabasebenzi kwiinkalo zonke ukuqinisekisa upuhliso lvezakhono. Isebe liza kusebenza ngokusondelelene neSebe loBugcisa neNk-cubeko kuzwelonke ekwandiseni iza-khono ezlifa lemveli ngokusebenza icebo loqequesho emsebenzini.</li> </ul>
--	--

<b>Injongo yeqhinga lokusebenza</b>	Ukukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi, ukulungisa imiba yokusetyenziswa kolwimi ngo-kungalinganiyo nokukhulisa upuhliso lweewimi ebezijongelwe phantsi ngaphambili noLwimi lwaseMzantsi Afrika lokuThetha ngeZandla eNtshona Koloni.
<b>Isitethimenti senjongo</b>	Ukukhuthazwa kokuSetyenziswa kweelwimi eziNinzi, ukulungisa ukungalingani kweelwimi kwangaphambili nokukhuthaza upuhliso lweewimi ebezijongelwe phantsi ngaphambili njengoLwimi loMzantsi Afrika lokuThetha ngeZandla ngokusetyenziswa nokubeka ilisiso kuMgaqo-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni ngokunikezela iinkonzo kuRhulumente wePhondo leNtshona Koloni.
<b>Isiseko</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Indlela yokusebenza evuniywego neqala ukusetyenziswa eku miseleni uMgaqo-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni kamasebe namaziko onke karhulumente</li> <li>liForam ezi-6 zoKusetyenziswa koLwimi kwiPhondo</li> <li>Amaphulo ama-5 ajolise ekulungiseni ukungalingani okusetyenziswa kolwimi kwangaphambili</li> <li>Amaphulo ama-2 ajoliswe ekuphuhlisiseni iilwimi zemveli kunye noLwimi lokuThetha ngeZandla loMzantsi Afrika</li> <li>Kuguqulelwe amaxwebu ali-817 kwiilwimi ezintathu ezisemthweni kwiphondo</li> <li>Kuqhutywe amangenelo ali-17 apho kuthe kwabonelelwa ngenkonzo yotoliko kwiSebe</li> </ul>
<b>Ulungelelaniso</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukusebenza ngokoMgaqo-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni ngamasebe onke kwiphondo namacandelo karhulumente naman ye amacandelo</li> <li>Ukuxhasa ulingano lokusetyenziswa kwelwiimi ezintathu ezisemthweni eNtshona Koloni</li> <li>Ukukhuthaza nokuphuhlisa iliwimi zemveli nezazijongelwe phantsi (iNama noLwimi lokuThetha ngeZandla loMzantsi Afrika)</li> </ul>
<b>Unxibelewano</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukuphucula iziphumo zemfundo ezikolweni</li> <li>Ukukhuthazwa kokuthethwa kweelwimi ezininzi kwakunika igalelo kubambiswano loluntu (NG).</li> <li>Ukukhuzwa kokusetyenziswa kweelwimi ezininzi kwakuba negalelo kwimisebenzi yophuhliso nenguqu yemisebenzi yenkcubeko ukufaka isandla kulwakhiwo lwsizwe, ulawulo olululo upuhliso lontu namandla oluntu nokuzinziswa kokukhula koqo qosho namathub ukuqinisekisa ukufikelela kwingshelo ngolwimi olukhethwe ngumntu</li> </ul>

<b>Injongo yeqhinga lokusebenza</b>	Ukumiselwa kwemisebenzi enokuba negalelo kulwakhiwo Iwesizwe nenguqu .
<b>Isitethimenti senjongo</b>	Ukumiselwa kwemisebenzi enokuba negalelo kulwakhiwo Iwesize neenguqu ngokusebenzisa iinkqubo zokubonisa ukubaluleka kweeholide zoluntu kwakunye neenpawu zesizwe nezephondo
<b>Isiseko</b>	iinkqubo ezintathu/amaphulo ajolise ekukhuthazeni izithethethe ezinokuxhanyulwa ngeeholide zoluntu kuzwelonke neempawu zesizwe
<b>Ulungelelaniso</b>	Isebe likholelwa ekutheni lingadlala indima ebalulekileyo ekumiseleni ukuzingca ngeempawu zesizwe sethu neyantlukwano yenkcubeko yethu nokwakha isizwe esikhululekiyo nesingenacalu- calulo ngokobuhlanga, esingakhethi kokwesini, esingacaluli ngokwesintu nesingacaluli ngokobuzwe.
<b>Unxibelewano</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Inxulumana ngqo neNjongo yeQhinga loKusebenza 8 leNtsona Koloni: Ubambiswnao Loluntu kuhlaleni nokucuthwa kwendala.</li> <li>• Isebe linikezela iinkqubo namahulo amisela ukuzingca ngee-mpawu zesizwe nenkcubeko yeyeantl- lukwano yethu kunye nokwakha ubambiswano loluntu.</li> <li>• Isebe lisebenzela ukwakha isizwe ezingenabuhlanga, esingacaluli kobuni, esingacaluli ngokwesintu nangokobuzwe (NG iNjongo yeKhabhinethi).</li> <li>• Isebe lisebenza ngokusondelelene neSebe loBugcisa neNkcubeko nemigudu elisondolelene nayo nemigudo yoluntu kuzwelonke elinxulumene nayo kuququzelelo lobugcisa, inkcubeko kunye nemiba yelifa lemveli nemigaqo-nkqubo yalo.</li> </ul>

<b>Injongo yeqhinga lokusebenza</b>		Indlela yokusebenza ephico-thiweyo/Owona msebenzi			Indlela yokusebenza ekujo-liswe kuyo 2011/12	Ekujoliswe kuko kwilixa elingelide kuyaphi		
		2008/09	2009/10	2010/11		2012/13	2013/14	2014/15
<b>2.1</b>	Ukuqhu-bela phambili neenkalo nemisebenzi yenkcubeko kumathuba asebenzise-kayo kuluntu eNtshona Koloni	Kuxha-swe ngemali imibutho yobug-cisa nenkcubeko engama-78	82	77	80	50	50	40
